# Isiqulatho

**Oondoqo ekufundiseni ukufunda**


Itsheklisti .......... 2

**Intshayelelo** .......... 3

Ukwabiwa kwexesha nesicwangciso sezifundo novavanyo ngekota .......... 4-7

Iveki Yoku-1 .......... 8-15

Iveki Yesi-2 .......... 16-23

Iveki Yesi-3 .......... 24-31

Iveki Yesi-4 .......... 32-41

Iveki Yesi-5 .......... 42-51

Iveki Yesi-6 .......... 52-61

Iveki Yesi-7 .......... 62-71

Iveki Yesi-8 .......... 72-81

Iveki Ye-9 .......... 82-91

Iveki Ye-10 .......... 92-101

# Checklist : Grade 3 Ibhokisi yakwa Funda Wande

**Izixhobo zase Funda Wande:**

1. Incwadana yezicwangciso zezifundo zakwa-Funda Wande: Ikota 2
2. Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande
3. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
4. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
5. Iposta yezigaba zebali yakwa-Funda Wande
6. Iposta zegumbi lokufundela zakwa-Funda Wande
    - Isigama Seveki
    - Izandi Zeveki
    - Isisekelo Sokubhala Seveki
    - Amagama Abonwa Rhoqo

**Izixhobo zakwa-Vula Bula**

- Oonotsheluza bezandi bakaw-Vula Bula
- Oonotsheluza bamagama bakaw-Vula Bula

**IIncwadi Zamabali esifundo sokufundelwa ngutitshala**

- Inzwakazi uDebo
- Linkwenkwezi ezikwiingquzu zentlabathi
- UModjadji, ikumkanikazi yeMvula
- UCitronella
- Unomyayi onxaniweyo
- UNana nombungu
- URefilwe
- Ibhola ekhatywayo!
- IZim eloyikekayo
- Sonwabile

**Iincwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula:**

**Incwadi enkulu: 6**

- Izinyo
- Evenkileni yempahla
- Umnqathe omkhulukazi
- Ibali lobugqi

**Incwadi enkulu: 7**

- Gcinela ingomso
- Isuphu yelitye
- Idabi lomoya nelanga
- Umvundla nofudo

**Incwadi enkulu: 8**

- Ingonyama nempuku
- Ukubhaka nomakhulu
- Edolophini
- UMzantsi Africa ngowethu

# Intshayelelo

Izicwangciso zezifundo zeFunda Wande zibonelela ngesikhokelo sosuku nosuku malunga nendlela yokufundisa ukufunda ngentsingiselo usebenzisa izixhobo ezikwibhokisi yeFunda Wande. Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esineenkcukacha malunga:

- nezixhobo ezifunekayo
- namalungiselelo afunekayo
- neenjongo zesifundo
- nesikhokelo senyathelo-nenyathelo malunga nendlela ekunokufundiswa ngayo
- nomsebenzi wovavanyo olusesikweni wekota

IFunda Wande idibanisa indlela yokufundisa uLwimi Lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi. Sisebenzisa izihloko nemisebenzi yeZakhono zoBomi ukufundisa ukufunda nokubhala.

**OKUBALULEKILEYO**

**Unika abafundi amathuba okuba bacinge**

**Ukunika abafundi amathuba okuba bathethe**

**Ukubonakalisa umdla kwizimvo zabafundi**

Funda Wande
Reading for Meaning

# Term Plan : Grade 3 Term 2

| IsiXhosa HL - Grade 3 Term 2 | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | **Week 1** | **Week2** | **Week3** | **Week4** | **Weeks** | **Week6** | **Week7** | **Week8** | **Week9** | **Week 10** |
| | 2-5 Apr | 8-12 Apr | 15-19 Apr | 22-26 Apr | 29 Apr- 3 May | 6-10 May | 13-17 May | 20-24 May | 27-31 May | 3-7 Jun |
| **Listening & Speaking** | Urefilwe | DBE Pg 34 IsiXhosa workbook National Anthem | DBE IsiXhosa workbook Pg 70 | DBE IsiXhosa workbook Pg 70 and 73. Inzwakazi uDebo | DBE isiXhosa Pg 86. Book: Sonwabile | **Poster 6:** Weather and seasons | Unana nombungu | **Poster 5:** School clean-up | **Poem:** Ucoceko. Ibhola ekhatywayo | **Poster 10**: Food pyramid |
| **Shared Reading** | Umnqathe omkhulu | **V.B-** uMzantsi Afrika ngowethu | **V.B-** uMzantsi Afrika ngowethu | DBE IsiXhosa workbook Pg 74- Newspaper article | **V.B -Anth Story:** Iyandilibazisa lekawusi | DBE IsiXhosa workbook Pg 90 | **V.B Big book -** Gcinela ingomso | DBE IsiXhosa workbook Pg 120 | Poem: Iphupha likaNtombentsha | **V.B Big book -** Story: Isuphu yelitye |
| **Phonics** | Revision | ntl ndl | tyw nqw | new ndw | ntw thw | rhw ntyw | ngc njw | nkx nkxw | ntsh ntshw | dy ndy ndyw |
| **Handwriting** | Revision | ntl ndl | tyw nqw | new ndw | ntw thw | rhw ntyw | ngc njw | nkx nkxw | ntsh ntshw | dy ndy ndyw |
| **Writing** | Letter | Summary | Brochure | Newspaper article | Diary entry | Post card | Story | Notice | Poem | Collecting data |
| **Group Guided Reading** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** | **Vula Bula Anthologies** |

# Timetable

| Time | MON | TUES | WED | THURS | FRI |
|---|---|---|---|---|---|
| 08:00-09:30 | MATHS BLOCK (90min) | | | | |
| 9:30-9:50 | Listening & Speaking; Read Aloud (Life Skills: Beginning 60 min) | | | | |
| 9:50-10:10 | Feeding | | | | |
| 10:10-10:25 | First Break | | | | |
| 10:25-11:10 | Shared (1) (20 min) | Shared (2) (20 min) | Shared (3) (20 min) | Handwriting (15 min) | Handwriting (15 min) |
| | Phonics (15 min) | Writing (20 min) | Phonics (15 min) | Writing (20 min) | Phonics (15min) |
| | Handwriting (15 min) | Life skills | Writing (20min) | Life Skills | |
| 11:10-12:05 | EFAL - Listening & speaking (60), Reading & phonics (60), Writing (60), Language use (30) | | | | |
| 12:05-12:20 | Second Break | | | | |
| 12:20-12:50 | GGR X 2 groups a day; Paired Reading; Independent Reading (30 min) | | | | |
| 12:50-13:30 | Creative Arts (x2) / PE (x3) | | | | |
| | HL & LS | EFAL | MATHS | | |

## Home Language: Programme of Assessment: Grade 3: Term 2

| Component | What skills will be assessed | Form of Assessment | Assessment Tool | Score | Date to be completed | Date completed |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Listening and Speaking | ▪ Does an oral presentation: Show and Tell or prepared speech on a topic using poster or story board linked to a theme topic (integrated with Life Skills). | Observation & Oral | Rubric | 5 | Week 5 | |
| **Teacher's note:** *By Week 5 every learner must be assessed on his /her ability to make an oral presentation or speak on a familiar topic or event. This should be 2 -3 minute activity. For SASAMS there must be 1 score for Listening and Speaking.* | | | | | | |
| Phonics: Written | **Word level and Sentence level** | Written | Checklist | n/a | By Week 8 | |
| | ▪ SEE - HL IsiXhosa CAPS document | | Worksheet Class workbook | 10 | | |
| | **Spelling & Dictation:** ▪ Word list of at least **10-15** words from phonic lessons and 2 sentences of dictation | | | 15 | By Week 9 | |
| **Teacher's note:** *The phonics written activity should be done as a whole class activity by Week 8 in a worksheet format which will include comprehension and language usage activities too. For SASAMS there must be 2 scores (written phonic activity and spelling)* | | | | | | |
| Reading: | Assess each learner on **silent reading**, choose a text (DBE Workbook, Reader) which has at least **80-100 words** and ask questions (include higher order questions) related to the text | Observation & Oral | Rubric | 5 | By Week 9 | |
| Written: Comprehension | Choose **a fiction/non-fiction text that has 80-100 words**<br>**Types of questions**:<br>▪ Multiple choice questions<br>▪ Sequence events in a story in the right order<br>▪ Recall & higher order type questions (express an opinion, cause and effect etc) | Oral Written | Worksheet Class work book Rubric | 15 | Week 8 | |

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Teacher's note:**<br>*During your Group Guided Reading sessions in weeks 8 to 9 you will assess all your learners :on* ***silent reading*** *using a fiction or non -fiction text which has 80-100 words (word recognition, fluency, comprehension e.g. 5 oral questions) and time allocation should be a maximum of 2 - 3 minutes per learner. The checklist should be used for recording and scoring to be done according to the rubric.*<br>*The written language activities in Week 8 will include* ***phonics, comprehension and language usage skills*** *which should be done in a worksheet format with the whole class and the duration should be between 30 -45 minutes. Learners should be encouraged to do these written activities independently however individual learners should supported and given more time to complete these activities. The assessment items should be differentiated and must cater for varying cognitive levels (easy items 30%, moderate items 60%, difficult 10 %). The DBE Workbook and other curriculum resources (Provincial and ANA question papers) should be used to select appropriate grade level assessment items. For SASAMS, 2 scores will be captured for Reading (1oral and a written comprehension)* | | | | | | |
| Handwriting: | ▪ Forms all upper and lower case letters correctly and automatically in the joined script or cursive writing that is aligned to the school's writing policy<br>▪ Copies and writes at least 2 short sentences in the joined script | Observation & Written | Class workbook Rubric | 5 | By Week 9 | |
| **Teacher's note:**<br>*Learners should be assessed on <u>1 written</u> recording. The checklist should be used for recording and scoring to be done according to the rubric. For SASAMS, 1score will be captured for handwriting.* | | | | | | |
| Writing | ▪ Writes at least two paragraphs (ten or more sentences) on personal experiences such as daily news or a school event | Written | Worksheet Class work book Rubric | 5 | Week 9 | |
| Language usage skills | ▪ Uses more complex tenses such as present and past progressive.<br>▪ Uses punctuation correctly; capital letters, full stops, commas, question marks, exclamation marks and inverted commas<br>▪ Identifies and uses nouns, adjectives, verbs and adverbs correctly | | | 10 | Week 8 | |
| **Teacher's note:**<br>*By Week 9 the learner should be assessed on his/her ability to write at least 10 sentences of own news or on a topic or an incident using correct punctuation (capital letters, full stops, apostrophe etc) and paying attention to grammar and spelling. The checklist should be used for recording and scoring to be done according to the rubric for the writing activity. For SASAMS 2 scores will be captured for writing.* | | | | | | |
| **TOTAL** | | | | **65** | | |
| Scores will be captured on SASAMS. The score will be converted to a percentage to indicate level 1-7 for the report card. | | | | | | |

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Azikho
- **Amalungiselelo:** Iindaba zeholide
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha amagqabantsintshi eendaba zeholide. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Iindaba zeholide**
- Balisela abafundi ngeendaba zakho zeholide.
  - Izinto ezinika umdla ozenzileyo, ozibonileyo nozivileyo.
- Yalela abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngezi zinto kwiholide edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika umfundi ngamnye umzuzu ukuze abalise ngeendaba zakhe.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **Umnqathe omkhulu** namagama amatsha: **umqolo, wangqala, ukuvuna, umbhinqo, wala, ukrozo**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Imifanekiso: Jonga umfanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Ingaba kuphi apha? Kutheni usitsho?
  - Ikhona into engaqhelekanga oyiqaphelayo?
- Isigama: Fundisa isigama esitsha usebenzisa oonotsheluza.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda isicengcelezo kunye nabafundi.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza imibuzo **ekwizinga eliphezulu:**




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzikhumbuza ukubhala ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kubhala oonobumba ngokudibanisa.
- Bhala uqala ku-a ukuya ku-n.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele bakhuphele umbhalo kwiincwadi zabo.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-2




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Azikho
- **Amalungiselelo:** Iindaba zeholide
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngamagqabantsintshi eendaba zeholide. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**Iindaba zeholide**

- Khumbuzanani ngezinto ekufuneka uthethe ngazo kwiindaba zeholide:
  - Izinto ezinika umdla ozenzileyo, ozibonileyo nozivileyo.
- Xelela umfundi ngamnye afumane umlingane azakwabelana naye ngeendaba zakhe.
- Nika umfundi ngamnye umzuzu ukuze abalise ngeendaba zakhe.
- Chonga abafundi abambalwa babelane neklasi yonke.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **Umnqathe omkhulukazi**. Oonotsheluza besigama: **umqolo, wangqala, ukuvuna, umbhinqo, wala, ukrozo**
- **Amalungiselelo:** Bhala ebhodini imibuzo abaza kuyiphendula ezincwadini zabo.
- **Iinjongo zesifundo:** ukuthatha inkxaxheba ekufundeni ibali. Ukuphendula imibuzo ngokufundiweyo.

**IMISEBENZI**

**1. Imibuzo esebhodini**

- Xelela abafundi ukuba kuza kufuneka bacinge ngebali lomnqathe omkhulu ze baphendule le mibuzo ngezivakalisi ezipheleleyo kwiincwadi zabo zomsebenzi.

1. Yayiyintoni ingxaki yomfama?
2. Bangaphi abalinganiswa abanceda umfama phambi kokuba uphume umnqathe emhlabeni?
3. Ucinga ukuba amandla empuku sesona sizathu senza umnqathi utsaleke?
4. Xa impuku isithi, "nina nonke akho zenu!" iththa ukuthini?
5. Ucinga ukuba yintoni eyenza umnqathe womfama ubemkhulu oluhlobo?
6. Ukuba ubungulomfama ubuza kuwenza ntoni lo mnqathe?







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ts**/ no-/**nx**/ we-Vula Bula
- **Amalungiselelo:** Nika abafundi amaphetshana azotywe esi sicwangciso singezantsi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlela iindawo apho isandi sibonakala khona egameni nokusibhala.

**IMISEBENZI**

- Yalela abafundi basebenze ngababini beze namagama amabini kwisandi ngasinye.
- Umzekelo: amabini aqala ngo-/**ts**/, amabini ano-/**ts**/ embindini namabini ano-/ts/ ekugqibeleni.
- Mabenze ngokunjalo nangesandi u-/**nx**/.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki
- **Amalungiselelo:** Incoko yeendaba zeholide
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuncedeni utitshala abhale iindaba zakhe zeholide.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kuncedisa ubhale iindaba zakho zeholide.
- Khumbuzanani ngoko ubuthethe ngako izolo.
- Ngelixa bakukhumbuzayo ubhala kwiphepha elikhulu.
- Fundani isivakalisi qho nakugqiba ukusibhala ukuhlela umsebenzi eniwenzayo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yamabali: **URefilwe;** oonotsheluza bamagama: **zazithwaxwa, imimandla, emqolombeni, ezolukiweyo, ukutyelela, a-ethe-ethe, indlalifa, elirhabaxa**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukuvakalisa izimvo zabo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

IMISEBENZI

1. **Phambi kokufunda**
   - Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
   - Thethani ngesihloko sencwadi nomfanekiso uze ubuze imibuzo.
     - Kuqhubeka ntoni kulo mfanekiso?
     - Nicinga ukuba liza kuba ngantoni eli bali? (qikelela)
2. **Ukufunda**
   - Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu:
     - Angaziva njani umama wakho ukuba unokuhluthwa kuye?
     - Inokuba yintoni le yabangela abazali bakaRifilwe bamnikezele umntwana wabo?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **Umnqathe omkhulu**
- **Amalungiselelo:** Bhala imibuzo ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda notitshala, ukuziphendulela imibuzo ngezivakalisi ezipheleleyo eyedwa.

IMISEBENZI

1. **Phambi kokufunda**
   - Khumbuza:
     - Khumbuzanani ngesigama nisisebenzisa kwizivakalisi ezahlukileyo.
2. **Funda**
   - Abafundi mabafunde bonke ngelixa ubalathela.
3. **Emva kokufunda**
   - Phendulani imibuzo esebhodini nisebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi zabafundi zomsebenzi neepensile
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela ezakho iindaba kwisakhelo sokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala iindaba zeholide.

IMISEBENZI

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala incoko yabo ebesele beyilungisile yeendaba zeholide.
- Bakhuthaze bawuhlele umsebenzi wabo.
- Hamba-hamba uncedisa umana ukhomba kwisakhelo sokubhala ukuze bazikhumbuze nabo.
- Qinisekisa ukuba bayawugqiba bawulungise lo msebenzi kuba baza kuwuxhoma eludongeni lemisebenzi yabo yeklasi.

# Iveki yoku-1: Usuku lwesi-4





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yamabali: **uRefilwe**
- **Amalungiselelo:** Phinda ufunde ibali phambi kwexesha.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubalisa ibali ngokusebenzisa izigaba zebali. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**


**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Phengulula isigama esitsha.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali de uligqibe.

**3. Emva kokufunda**
- Shwankathelani ibali nisebenzisa izigaba zebali: abalinganiswa, isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona), ungquzulwano nesisombululo.
- Abafundi mabasebenzise ezi ngongoma ukubalisa ibali kwakhona ngababini.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ngx/** no-/**hl** we-Vula Bula
- **Amalungiselelo:** Nika abafundi amaphetshana azotywe esi sicwangciso singezantsi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlela iindawo apho isandi sibonakala khona egameni nokusibhala.

**IMISEBENZI**
- Yalela abafundi basebenze ngababini beze namagama amabini kwisandi ngasinye.
- Umzekelo: amabini aqala ngo-/**ngx**/, amabini ano-/**ngx/** embindini namabini ano-/ngx/ ekugqibeleni.
- Mabenze ngokunjalo nangesandi u-/**hl**/.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |








## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzikhumbuza ukubhala ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kubhala oonobumba ngokudibanisa.
- Bhala uqala ku-o ukuya ku-z.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele bakhuphele umbhalo kwiincwadi zabo.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

umqolo,
wangqala,
ukuvuna,
umbhinqo,
wala,
ukrozo
zazithwaxwa,
imimandla,
emqolombeni,
ezolukiweyo,
ukutyelela,
a-ethe-ethe,
indlalifa,
elirhabaxa

# Iveki yesi-2: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa: Ulwimi lwenkobe, iphepha lama-72
- **Amalungiselelo:** Lungisa imephu yoMzantsi Afrika enamaphondo onke kunye noonotsheluza bamaphondo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukuthetha ngamaphondo aseMzantsi Afrika. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

IMISEBENZI

**1. Iindaba zempela-veki**
- Yalela abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngento ibenye abathe bayonwabela kakhulu kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika umfundi ngamnye umzuzu ukuze abalise ngeendaba zakhe.
- Chonga abafundi ababini okanye abathathu ukuze babalise ngeendaba zabo phambi kweklasi yonke. (chonga abafundi abohlukileyo veki nganye)

**2. Umxholo: UMzantsi Afrika**
- Bonisa abafundi imephu yoMzantsi Afrika ubabuze ukuba bona bahlala kweliphi iphondo?
- Banike amathuba bolathe ukuba abalazi iphondo ngegama. Ukuba babiza amagama esilungu uwaguqulele esiXhoseni.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu yakwa-Vula Bula: Ibali: **UMzantsi Afrika ngowethu**; Oonotsheluza besigama: **umhobe weSizwe, isixhobo somkhosi weSizwe, imbumba**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

IMISEBENZI

**1. Phambi kokufunda**
- Isihloko: UMzantsi Afrika ngowethu: Ncokolani ngezinto umntu azithandayo ngoMzantsi Afrika.

**2. Ukufunda**
- Isigama: Fundisa isigama esitsha ngokusebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
- Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.
- Buza abafundi ngesakheko esiseqweqweni lwencwadi.
- Babuze ngemifanekiso ekwiphepha lokuqala. Buza ukuba bayayazi ukuba imiqondiso ekwisixhobo seSizwe ukuba imele ntoni na?

**3. Emva kokufunda iphepha lokuqala**
- Ncokolani ngendima eyadlalwa nguTata uMandela ekukhululweni koMzantsi Afrika.
- Buza abafundi ukuba kutheni kubalulekile ukuba bazi ngelizwe labo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ntl**/ we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ntlanu, entla, intle, intlama, intloko, iintloni, umntla, intliziyo, ntlantlatha**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Intle intliziyo kanontlalontle." Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ntl/.**


IMISEBENZI

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ntl**/ (qiniseka ukuba umfundi angabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo,esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ntl/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ntl**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ntl/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ntl**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**t**/+/l/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /ntl/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ntl**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ntl/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ntl**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-2



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Umhobe weSizwe okwincwadi enkulu ethi **uMzantsi Afrika ngowethu**
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo malunga nentsingiselo yomhobe weSizwe.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ukucula umhobe weSizwe besazi nentsingiselo yawo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Thethani ngamaphondo aseMzantsi Afrika nisebenzisa amagama awo esiXhosa.

**2. Umxholo:** Ncokolani ngendima edlalwa ngumhobe weSizwe.
- Buza abafundi ukuba kutheni umhobe wethu ubhalwe ngeelwimi ezingafaniyo nje.
- Bafundele umqolo wokuqala ugxininisa intsingiselo.

**3. Ukucula:** Culani umqolo wokuqala nilungisa iimpazamo abazenzayo ekubizeni amagama.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu yakwa-**Vula Bula: Ibali: UMzantsi Afrika ngowethu**; oonotsheluza bamagama: **ukuphawulwa, indwe, inyibiba, isiqwane, ikhamanga, ibhadi, iqhude, inqu**
- **Amalungiselelo:** Funda iphepha phambi kwesifundo uze ulungiselele ukufundisa umahluko phakathi kokufunda isicatshulwa esinika ulwazi nebali elineziganeko
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda umahluko phakathi kwesicatshulwa esinika ulwazi nebali elineziganeko

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thetha ngokufundise izolo.
- Isigama: Phengulula isigama esitsha.
- Imfundiso ethe gca: umahluko phakathi kwesicatshulwa esinika ulwazi nebali elineziganeko
  - Buza abafundi ukuba kutheni esi sicatshulwa singafundwa sonke ngemini enye njengamabali.
  - Kutheni sinemifanekiso emininzi nje?
  - Thetha ngomthamo woko ekufuneka nikukhumbule niwuthelekisa nomthamo ekufuneka niwukhumbule ebalini.

**2. Ukufunda**
- Fundani iphepha lesibini.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda ngokubuza abafundi izityalo okanye izilwanyana ezifumaneka kwimifanekiso esemalini.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:** Zoba okanye uncamathisele imephu yoMzantsi Afrika engabhalwanga.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukubhala amaphondo aseMzantsi Afrika kwimephu.

**IMISEBENZI**
- Beka imephu engabhalwanga ebhodini enesihloko esithi uMzantsi Afrika wethu.
- Khumbuzanani ngamagama amaphondo neendawo akuwo.
- Wabhaleni emephini.
- Mabazobe imephu ekwiphepha lama-74 kwiincwadi zabo ze-DBE zesiXhosa.

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-2




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Umhobe weSizwe okwincwadi enkulu ethi **uMzantsi Afrika ngowethu**
- **Amalungiselelo:** Lungisa ukutolika umqolo wesibini kumhobe weSizwe
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ukucula umhobe weSizwe besazi nentsingiselo yawo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Thethani ngamaphondo aseMzantsi Afrika nisebenzisa amagama awo esiXhosa.

**2. Umxholo:** Xelela abafundi ukuba leliphi ulwimi ekubhalwe ngalo umqolo wesibini.
- Babuze ukuba leliphi elona phondo kwimephu yenu ethetha elo lwimi.
- Bafundele umqolo lowo ubanika inkcazelo malunga nentsingiselo yawo.

**3. Ukucula:** Culani umqolo wesibini nilungisa iimpazamo (kwabazenzayo) ekubizeni amagama.





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **UMzantsi Afrika ngowethu;** oonotsheluza bamagama: **amathanga ezilwanyana, iimbombo zone, ithamsanqa, ukuxabisa**
- **n Amalungiselelo:** Funda iphepha lesithathu uze ulungise imibuzo oza kuyibuza.
- **n Iinjongo zesifundo:** Ukuvavanya inkumbulo yabafundi nokuqonda kwabo amagama abalulekileyo.

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thetha ngokufunde izolo.
- Isigama: Phengulula isigama esitsha.
  - Buza abafundi ukuba kutheni kusithiwa sinethamsanqa malunga nezilwanyana zasendle esinazo?
- Fundani iphepha lesithathu. Emva kokufunda
- Gqibezela ukufunda ngokushwankathela kunye nabafundi oko kubalulekileyo kweli phepha.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ndl**/ we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **indlu, indlala, indlebe, indleko, indlela, amandla, ibandla, isandla, isondlo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: Indlulamthi ibonakala ngeendlebe endle. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ndl/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ndl**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ndl/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ndl**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ndl/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ndl**/.
- Mabababize abanobumba nganye-nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**d**/+/l/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /ndl/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-3

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ndl**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Beka abafundi ngababini ngeenjongo zokuxhasana.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni nasekuchazeni izilwanyana esinethamasanqa lokuba nazo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kusebenza ngababini bezoba baze babhale ngezilwanyana esinethamsanqa lokuba nazo eMzantsi Afrika.
- Banike ithuba lokukhumbuzana ze umfundi ngamnye abenendima ayidlalayo ekubhaleni, ingakukuzoba okanye ukubhala. Bakhumbuze ngesihloko sombhalo wabo.
- Hamba-hamba unceda apho kuyimfuneko.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-2: Usuku lwesi-4



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Umhobe weSizwe
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukutolika umqolo wesithathu nentsingiselo yawo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ukucula nentsingiselo yomqolo wesithathu. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**Khumbuza**

- Thethani ngamaphondo aseMzantsi Afrika nisebenzisa amagama awo esiXhosa.
- Umxholo: Xelela abafundi ukuba loluphi ulwimi ekubhalwe ngalo umqolo wesithathu.
- Babuze ukuba leliphi elona phondo kwimephu yoMzantsi Afrika ethetha olo lwimi.
- Bafundele umqolo lowo ubanike inkcazelo malunga nentsingiselo yawo. Ukucula: Culani umqolo wesithathu nilungisa iimpazamo (kwabazenzayo) ekubizeni amagama.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ndl/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ndl/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ndl**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zemisebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala amagqabantshintshi abemabini ngezona zinto bazithandayo kwezi bazifundileyo ngoMzantsi Afrika.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala izinto ezimbini abazithandileyo ebebeqala ukuziva ngoMzantsi Afrika.
- Kufuneka bawufundisise umsebenzi wabo ukuze bakwazi ukulungisa iimpazamo zabo bahlole umsebenzi wabo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

umhobe
weSizwe,
isixhobo
somkhosi
weSizwe,
imbumba
ukuphawulwa,
indwe,
inyibiba
isiqwane,
ikhamanga,
ibhadi,
iqhude,
inqu
amathanga
ezilwanyana,
iimbombo
zone,
ithamsanqa,
ukuxabisa

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-2



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-70
- **Amalungiselelo:** Funda ngeendawo zokundwendwela uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukuthetha ngeendawo zokundwendwela kumaphondo ohlukileyo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

IMISEBENZI

**1. Iindaba zempela-veki**
- Yalela abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngento ibenye abathe bayonwabela kakhulu kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika umfundi ngamnye umzuzu ukuze abalise ngeendaba zakhe.
- Chonga abafundi ababini okanye abathathu ukuze babalise ngeendaba zabo phambi kweklasi yonke. (chonga abafundi abohlukileyo iveki nganye)

**2. Umxholo:** Iindawo esinokuzindwendwela
- Ncokolani malunga neendawo ezibonisiweyo kwiphepha lama-70.
- Buza abafundi ukuba zikhona na iindawo abakhe bazindwenwela kula maphondo.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **UMzantsi Afrika ngowethu** oonotsheluza besigama: **indwe, unombombiya, amendu, uluntu.**
- **Amalungiselelo:** Funda uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

IMISEBENZI

**1. Phambi kokufunda**
  - Khumbuzanani ngesele kufundiwe kwiveki ephelileyo.
- Imifanekiso: Jonga umfanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Inokuba eli iphepha liza kusibaliselani ngoMzantsi Afrika?
  - Wazi ntoni wena ngeentaka zoMzantsi Afrika?
- Isigama: Fundisa isigama esitsha usebenzisa oonotsheluza.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda kunye nabafundi ubabuza imibuzo ebhaliweyo encwadini.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza:
  - Zeziphi ezinye iindawo okanye iidolophu ozaziyo ezithandwa ziintaka?
  - Inokuba ezo ntaka zithanda ntoni kulo ndawo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**tyw**/ we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **tywa, itywantsi**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Usele walitywantsi wetywa elangeni". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**tyw/.**


IMISEBENZI

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**tyw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/tyw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**tyw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**tyw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**tyw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**t**/+/**y**/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /tyw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**tyw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: u-/**tyw/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**tyw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**tyw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-3



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-70
- **Amalungiselelo:** Sika imifanekiso yeendawo esinokuzindwendwela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuncokola ngeendawo esinokuzindwendwela sizibeka kumaphondo azo. Ukumamela utitshala ethetha ngeyona ndawo yamonwabisayo awakhe wayindwendwela. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

- Khumbuzanani ngeendawo bekuncokolwe ngazo izolo ze zibekwe kumaphondo azo.
- Khupha umfanekiso weyona ndawo intle owakhe wayindwendwela uze uncokole ngayo.
  - Thetha ngegama layo, ngokuba ifumaneka kweliphi iphondo.
  - Waya ngesiphi isithuthi?
  - Zeziphi izinto owazenza kuyo?
- Qinisekisa ukuba abafundi basiqaphele esi sakhelo kuba baza kusebenzisa sona ukuthetha ngezabo iindawo.
- Umsebenzi wabo wasekhaya kukuza nomfanekiso okanye umzobo weyona ndawo intle abakhe bayindwendwela.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **Umzantsi Afrika ngowethu**; oonotsheluza besigama: **irhalyuni, wobhedu, ezinomtsalane, umnenga, ukrebe nehlengesi**
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlela amagqabantshintshi ngesicatshulwa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Ncokolani ngesifundo sayizolo.
  - Phengulula isigama.
- **Imfundiso ethe gca:** Ukuchonga eyona miba ingundoqo kwisicatshulwa
  - Utitshala uthetha ngokuvakalayo, "Ukuba bekunokuthiwa masibhale amagqabantshintshi ngesikuvileyo izolo besiza kubalisa yonke le nto ibhaliweyo kwela phepha?
  - Ukuba impendulo nguhayi, besiza kukhetha eziphi iindawo?
  - Kutheni sikhetha zona nje?

**2. Ukufunda**

- Funda eli iphepha uyalele abafundi ukuba baqaphele ezona ngongoma zingundoqo ze umntu aphakamise isandla xa eve indawo enjalo.

**3. Emva kokufunda**

- Buza imibuzo ebhaliweyo



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki
- **Amalungiselelo:** Awekho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuyileni ibrowutsha ethetha ngezilwanyana zasendle zaseMzantsi Afrika.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi niza kuncedisana nenze incwadana ngezilwanyana zasendle zaseMzantsi Afika.
- Cacisa ukuba ibrowutsha le yenzelwa ukutsala abakhenkethi ukuze batyelele uMzantsi Afrika.
- Mabanike iimbono zabo malunga nezinto abacinga ukuba zizo eziza kubangela abantu bafune ukuza kubona izilwanyana zasendle zaseMzantsi Afrika.
- Bhala zonke ezi mbono.
- Hlelani ukuba zeziphi ezibalulekileyo ngenxa yesithuba esincinane kwibrowutsha.
- Ekupheleni kosuku yenza ibrowutsha ngeembono enivumelene ngazo, uyisonge ngendlela eyiyo.

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-3




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Imifanekiso yeendawo ezindwendweleyo
- **Amalungiselelo:** Xhoma ipowusta enesakhelo sokuthetha.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuyila incoko yakho usebenzisa isakhelo sikatitshala. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

IMISEBENZI

**1. Ukuziqhelanisa**
- Nika abafundi imizuzu ibe mihlanu beqinisekisa ukuba bazivelele zonke iinkalo ezivelelwe ngutitshala kweyakhe incoko.
- Hamba-hamba uqinisekisa ukuba oko kwenziwe.
- Umfundi makakhethe umlingane ze benzelane incoko benikana amathuba kwaye beqinisekisa ukuba zonke iingongoma zivelelwe.
- Baphe elinye ithuba lokuziqhelanisa ngokutshintsha umlingane kwakho.
- Baxelele ukuba kufuneka batyibilike kwincoko yabo kuba uza kubanika umzuzu nje omnye wokuthetha.
- Bacebise ukuba bafike emakhayeni baziqhelanise kwakhona.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula: **UMzantsi Afrika ngowethu**; oonotsheluza bamagama: **isiqwane, umkhoba, iintlambo, iintlango, iinxweme, uhlanga olumnyama, amasiko, iintlanga**
- **Amalungiselelo:** Funda amaphepha okugqibela omabini uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda notitshala nokuphendula imibuzo.

IMISEBENZI

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza:
  - Zingaphi ngoku izinto esele sifunde ngazo ngoMzantsi Afrika?

**2. Funda**
- Abafundi mabafunde bonke ngelixa ubalathela.
- Ingaba abantwana abakulomfanekiso bayafana?
- Bohluke ngantoni?

**3. Emva kokufunda**
  - Uthanda ntoni wena ngokuba ngummi waseMzantsi Afrika?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**nqw/** we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **nqwa, inqwanqwa, nqwala, nqwena, nqwadada, nqwenela, inqwebeba, umnqwazi, inqwelomoya**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Ndinqwenela ukuba nomnqwazi omkhulu welanga". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**nqw/.**

IMISEBENZI

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**nqw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/nqw/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**nqw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**nqw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**nqw**/.
- Mababizise abanobumba nganye-nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**q**/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /nqw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**nqw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela umbhalo wayizolo kwisakhelo sokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekwenzeni ibrowutsha.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kwenza ibrowutsha ngababini.
- Kufuneka bakhethe umxholo ubemnye malunga noko sele sikufundile ngoMzantsi Afrika (izilwanyana zasendle, ezasemanzini, iintaka okanye izityalo).
- Mabenze ibrowutsha bekhumbula ukuba kufuneka bayenze ibe nomtsalane ukuze iindwendwe zifune ukutyelela uMzantsi Afrika.
- Bakhuthaze bawuhlele umsebenzi wabo.
- Hamba-hamba uncedisa umana ukhomba kwibrowutsha yeklasi ukuze bazikhumbuze nabo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-3: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Imifanekiso yeendawo ezindwendwelweyo
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso weendawo abazindwendweleyo nokuphulaphula xa abanye bebalisa ngezabo iindawo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

- Chonga abafundi abaza kubalisa ngeendawo zabo abakhe bazindwendwela.
- Emva kwentetho yomfundi ngamnye buza imibuzo ukukhuthaza abanye ukuba bamamele.
- Akubalisa umfundi ngendawo yakhe makaye kwimephu ayixhome kwelophondo ifumaneka kulo.
- Mababalise de liphele ixesha lesifundo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama kwiveki ye-10 (kwikota yoku-1), yoku-1 neyesi-2
- **Amalungiselelo:** Lungisa iiseti zoonotsheluza ukuze iqela ngalinye elinamalungu amabini libenamagama ano-/**tyw/** no-**/nqw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anezandi u-/**tyw/** no-**/nqw/.**

**IMISEBENZI**

- Nika iqela elingababini ngalinye iseti ibenye.
- Yalela abafundi bakhangele amagama ano-/**tyw**/ baze bawabeke ecaleni.
- Bayalele ukuba babhale loo magama kwiincwadi zabo zomsebenzi baze bongeze abemabini abawaziyo ano-/**tyw**/.
- Yalela abafundi bakhangele amagama ano-/**nqw**/ baze bawabeke ecaleni.
- Bayalele babhale loo magama kwiincwadi zabo zomsebenzi baze bongeze abemabini abawaziyo ano-/**nqw**/.




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha lokubhala; iikoki
- **Amalungiselelo:** Awekho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukupapasha ibrowutsha.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kukhuphela ibrowutsha yabo kwiphepha elilodwa.
- Bafundise ukuligoba ngokwendlela owenze ngayo kwibrowutsha yeklasi
- Mababhale umsebenzi osele uhleliwe, onemizobo kunye nezihloko.

Bakugqiba iibrowutsha zabo mazincanyathiselwe eludongeni okanye zibekwe kwikona yokufunda ukuze bazibuke xa benethuba.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

indwe,
unombombiya,
amendu,
uluntu
irhalyuni,
wobhedu,
ezinomtsalane,
umnenga,
ukrebe
ihlengesi
isiqwane,
umkhoba,
iintlambo,
iintlango,
iinxweme,
uhlanga
lomnyama,
amasiko,
iintlanga




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Inzwakazi uDebo;** oonotsheluza bamagama: **inzwakazi, ntsho, elimpuluswa, iphithikezwa, ukugugutha, qukeza, imveliso**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nebali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Bamamela ibali belonwabele bephendula imibuzo bevakalisa nezabo izimvo malunga nebali elo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Iqweqwe: Thethani ngeqweqwe nesihloko sencwadi.
- Imifanekiso: Nicinga ukuba liza kuba ngantoni eli bali? (qikelela)
- Isigama: Yazisa abafundi ngamagama amatsha akoonotsheluza. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo yokuqonda:
  - Kutheni uDebo kusithiwa yinzwakazi?
  - Zintoni izinto ezintathu abaziqaphelayo ngolusu lukaDebo?
  - Ucinga yintoni eyayibangela uFemi nodade wabo bonwabele ukuba ngomathengethengisa?

**3. Emva kokufunda**
  - Uthande ntoni wena kweli bali?

Yintoni enye eyayimenza uDebo abenomtsalane kubo ngaphandle kobuhle bakhe?





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-74; oonotsheluza besigama: **ikheyibhuli, okhubazekileyo, tyaba, ukulimala**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**
- Isihloko: Inokuba esi sicatshulwa sipapashwe phi?
- Kutheni usitsho nje?
- Buza abafundi ngeendawo abasele bezityelele behamba nesikolo.
- Buza ukuba iphi iNtab'etafile? Ukufunda
- Isigama: Fundisa isigama esitsha ngokusebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
- Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.
- Ingaba le Ntab'etafile yindawo abafundi abayityelela rhoqo? Ngoba? Emva kokufunda iphepha lokuqala
- Buza abafundi ukuba bebekuleklasi ngebeziva njani ekupheleni kosuku?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ncw/** we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ncwina, ncwela, incwadi,**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **"Utitshala Ncwadi uncwela ipensile"**. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ncw/.**

**IMISEBENZI**


**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ncw**/ (qiniseka ukuba

umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ncw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ncw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ncw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ncw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**c**/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /ncw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ncw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ncw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ncw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamnye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Inzwakazi uDebo;** itshati yezigaba zebali
- **Amalungiselelo:** Yenza itshati yezigaba zebali: abalinganiswa, isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona), ingxaki nesisombululo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubalisa ibali ngokusebenzisa izigaba zebali. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ngesigama.
- Shwankathela ibali usebenzisa izigaba zebali.
- Abafundi mabasebenzise ezi zigaba ukubaliselana ibali kwakhona.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-74; oonotsheluza bamagama
- **Amalungiselelo:** Funda iphepha phambi kwesifundo uze ulungiselele ukufundisa indima edlalwa sisihloko. Yiza nephephandaba.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukufunda indima yesihloko kwisicatshulwa

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Thetha ngokufunde izolo.
- Isigama: Phengulula isigama esitsha.
- Imfundiso ethe gca: Indima yesihloko sesicatshulwa
  - Buza abafundi ukuba kutheni esi sicatshulwa sinezihloko ezimbini nje?
  - Xoxani ze ubachazele ngamagama amaphephandaba akho ekuhlaleni uze ubabonise nephephandaba oliphetheyo, igama lalo nalapho libhalwe khona kwiphephandaba.
  - Cinga ngokuvakalayo "Xa ufunda esi sihloko sithi iklasi iyakhula, ulindele ukufunda ngantoni?"
  - Ingaba esi sihloko silungile kwesi sicatshulwa?
  - Sesiphi isihloko esingalungela esi sicatshuwa? Ukufunda
- Fundani isicatshulwa. Emva kokufunda
- Gqibezela ukufunda ngokubuza abafundi ukuba bona bangathanda ukutyelela eziphi iindawo behamba bonke?



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:** Awekho.
- **Iinjongo zesifundo:** Kukuthatha inxaxheba ekubhaleni isicatshulwa esiza kupapashwa kwiphephandaba leklasi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kucinga ngeyona nto inikisa umdla ekhe yenzeka esikolweni senu.
- Ingangesiganeko esenzeka eklasini okanye nakweyiphi na iklasi kwisikolo senu.
- Mabaze neengcebiso ze nikhethe eyona ithandwa sisininzi.
- Bhalani isicatshulwa nisinike isihloko esisiso.

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-2




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa <u>ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo</u>
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Inzwakazi uDebo;**
- **Amalungiselelo:** Lungisa irubrikhi yokuvavanya amaqela. Khumbuza abafundi ukuba bayakube belinganisa ibali.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubonisa ukuba bayazikhumbula iziganeko nomxholo webali ngokulilinganisa. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

IMISEBENZI

- Yohlula abafundi babengamaqela, bonele ukuba umfundi ngamnye afumane indima apho aza kuthi athethe khona.
- Baxelele ukuba kufuneka balinganise ibali.
- Banike ixesha lokuziqhelanisa nokulinganisa ibali. Biza amaqela ambalwa ukuba alinganisele abafundi.





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-74 nelama-75
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuvavanya ingqiqo yabafundi.

IMISEBENZI

**Phambi kokufunda**

- Umfundi ngamnye makafumane umlingane. Ukufunda
- Mabazifundele isicatshulwa kwakhona ngababini. Emva kokufunda
- Mabaphendule imibuzo ekwiphepha lama-75.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ndw/** we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: indwalutho, iindwendwe, undwebile, ndweba, indwe
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Indwebile intombazana ebisindwendwele izolo". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ndw/.**

IMISEBENZI

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ndw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ndw/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ndw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ndw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ndw**/.
- Mabababize abanobumba nganye-nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**d/**+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /ndw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ndw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke. (La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Yahlula abafundi ngababini ngenjongo zokuxhasana.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni isicatshulwa esiza kupapashwa kwiphephandaba leklasi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kusebenza ngababini bebhala isicatshulwa esiza kupapashwa kwiphephandaba leklasi.
- Mabakhethe oko bafuna ukubhala ngako okungqamene nesikolo (imizekelo: usuku lwemidlalo, ukhenketho, iindwendwe zesikolo, njalo njalo)
- Hamba-hamba unceda apho kuyimfuneko, ubakhumbuze ngendima yesihloko.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-4





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Inzwakazi uDebo;**
- **Amalungiselelo:** Lungisa irubrikhi yokuvavanya amaqela. Khumbuza abafundi ukuba baya kube belinganisa ibali.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukulinganisa ibali. Ukunika abafundi amathuba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

- Yohlula abafundi babe ngamaqela, bonele ukuba umfundi ngamnye afumane indima apho aza kuthi athethe khona.
- Baxelele ukuba kufuneka balinganise ibali.
- Banike ixesha lokuziqhelanisa nokulinganisa ibali.
- Biza iqela ngalinye lenze umdlalo/umlinganoso welibali. Sebenzisa irubriki ukuba nika amanqaku.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ndw/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ndw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ndw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo. Iincwadi zabafundi:
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni isicatshulwa esiza kupapashwa kwiphephandaba leklasi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kukhuphela isicatshulwa sabo ephepheni elilodwa.
- Mabasifunde kwakhona baqinisekise ukuba akukho zimpazamo.
- Mabazobe nomfanekiso.
- Bakugqiba, zonke ezi zicatshulwa mazincanyathiselwe kwiphepha elikhulu okwe phephandaba elikhulu.
- Nikani iphephandaba lenu igama.

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-4




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamnye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-5





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Inzwakazi uDebo**
- **Amalungiselelo:** Lungisa irubrikhi yokuvavanya amaqela. Khumbuza abafundi ukuba baya kube belinganisa ibali.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukulinganisa ibali. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

- Nika amaqela angekalinganisi ithuba lokulinganisela abanye abafundi.
- Thethani malunga nezinto zemveli zokuthambisa nezokugudisa ulusu ezifumaneka emakhaya.




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (double letter cards cards) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)
- Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
- Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

Ukubhala ngesandla

**1. Ubizelo/upelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.
- Ubizelo: izivakalisi (izivakalisi nokuba zi-2)
  - Biza isivakalisi esinamagama ezandi ngokucacileyo kubekabini
  - Abafundi mabasibhale isivakalisi eso ezincwadini.

Jonga ababhale ngokuchanekileyo ze abafundi nenze izilingiso

# Iveki yesi-4: Usuku lwesi-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

ikheyibhuli,
okhubazekileyo,
tyaba,
ukulimala,
inzwakazi,
ntsho,
elimpuluswa,
iphithikezwa,
ukugugutha,
qukeza,
imveliso



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi woku-1 ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-86
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngokwenzeka kulo mfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veki. Ukuthetha ngomfanekiso osencwadini yomsebenzi (iphepha lama-86). Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. IIndaba zempela-veki**
- Yalela abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngento ibenye abathe bayonwabela kakhulu kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika isibini ngasinye umzuzu ukuze babalise ngeendaba zabo.
- Chonga abafundi abathathu okanye abane ukuze babalise ngeendaba zabo phambi kweklasi yonke. (chonga abafundi abohlukileyo veki nganye)

**2. Umxholo:** Ncokolani ngokwenzeka emfanekisweni
- Jonga umfanekiso osencwadini yomsebenzi kunye nabafundi.
- Babuze malunga nemvakalelo zabantwana abakumzobo nangawabo amabali malunga neenkawu.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ingqokelela yamabali e-Vula Bula yebanga lesi-3: **Iyandilibaliza le kawusi;** oonotsheluza bamagama: **umqheba, ukubuthama, ugcwabevu, etyesini**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe:** Thethani ngesihloko nomfanekiso, buza imibuzo:
  - Ingaba eli bali liza kuba ngantoni? (qikelela)
- **Imifanekiso:** Tyhila ibali (ngaphandle kokulifunda). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Kukweliphi igumbi apha?
  - Ingaba uza kuyifumana lento ayikhangelayo?

**2. Ukufunda**
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Isifundo sokuqala:** Funda ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa ukufunda notyibiliko.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kwamaphepha amabini:
  - Inokuba uziva njani uVuyo xa engade ayifumane ikawusi yakhe?
  - Wena ukuba ubunguye ubuza kwenza ntoni?

**3. Emva kokufunda**
- Vala isifundo sokuqala.
- Gqibezela ngokubuza:
  - Inokuba ifike njani ikawusi emva kwebhulukhwe kaVuyo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ntw/** we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **intwala, intwaso, intwana, umntwana, iNtwasahlobo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "NgeNtwasahlobo abantwana bayathanda ukuba neentwala". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ntw/.**


**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngokuvakalayo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ntw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ntw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ntw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ntw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ntw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**t**/+/w/= (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/ntw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile intoyokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ntw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

**(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)**





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ntw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ntw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ntw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.

# Iveki yesi-5: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi woku-1 ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-86
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphendula imibuzo ngokubhalwe kwidayari. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Fundela abafundi umbhalo okwidayari**

- Buza abafundi ukuba umntu xa ebhala kwidayari ubhalela bani?
- Ingaba oluhambo ibilelokonwabisa le nkwenkwana ngosuku lwayo lokuzalwa?
- Babone ntoni kolutyelelo lwabo?
- Kwenzeke ntoni kolunye uphondo lwalendlovu?
- Inokuba uvuyiswe yintoni wakufika ekhaya?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ingqokelela yamabali e-Vula Bula ye-Banga lesi-3: **Iyandilibazisa le kawusi;** oonotsheluza besigama
- **Amalungiselelo:** Lungisa unotsheluza wokuphuhlisa ubuchule bokwakha umfanekiso ngqondweni.
- **n Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda. Ukufunda ubuchule bokwakha umfanekiso ngqondweni.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Ncokolani ngesifundo sayizolo.
  - Xoxani ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Imfundiso ethe gca: Ubuchule bokwakha umfenikiso ngqondweni
  - Chazela abafundi ukuba xa umfundi ezinika ithuba lokwakha umfanekiso ngqondweni ngoko akufundayo uye aliqiqe ibali nabalinganiswa ngakumbi.
  - Oku kwenzeka lula xa uzifaka ezihlangwini zomlinganiswa lowo.
  - Masithi ibinguwe uVuyo ungayifumani ikawusi yakho, ziintoni eziza kuthi qatha engqondweni yakho? Uza kuziva njani?

**2. Ukufunda**

- Funda ibali nabafundi, ngembonakalo enomdla notyibiliko, ngethuba ufunda babuze ukuba yena umfundi ibinguVuyo ngekusenzeka ntoni kuye?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ibali ngokubuza imibuzo:
  - Emva kwawo wonke lo mbhodamo kwakusasa ubuza kuziva njani wena esikolweni ukuba ubunguVuyo? Kutheni usitsho?



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni idayari yeklasi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kukuncedisa ubhale idayari yeklasi ngokwenzeke izolo kwigumbi lenu.
- Beka umhla nesihloko ngokwenziweyo kwiphepha lama-86 kwincwadi ye-DBE yesiXhosa.
- Bhalani amagqabantshintshi ayizolo nithetha nangeemvakalelo zenu.

# Iveki yesi-5: Usuku lwesi-2





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda

### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ibali: **Sonwabile;** oonotsheluza bamagama: **ukonakala, ukumbombozela, ngesaquphe, ubuchwepheshe, amathambeka, emqolombeni, imbizo, ukuhlaselwa, isifede**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukuvakalisa izimvo zabo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Thethani ngesihloko sencwadi nomfanekiso uze ubuze imibuzo.
  - Kuqhubeka ntoni kulo mfanekiso?
  - Nicinga ukuba liza kuba ngantoni eli bali? (qikelela)

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu:
  - Kutheni umakhulu emangalisiwe nje?
  - Inokuba uzakuthi babenxulumelana njani abantu abakude?





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ingqokelela yamabali e-Vula Bula ye-Banga lesi-3**: Iyandiilibazisa le kawusi;** oonotsheluza bamagama.
- **Amalungiselelo:** Lungisa isicwangciso sokushwankathela iindawo uVuyo akhangele kuzo nendlela aye waziva ngayo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekushwankathela iindawo apho uVuyo akhangele khona, athe wakubona neemvakalelo zakhe.

**IMISEBENZI**
- Phambi kokufunda
  - Khumbuza: Thethani ngesifundo sayizolo.
  - Isigama: Phengulula isigama esifundiswe kule veki.
- Ukufunda:
  - Yalela abafundi bafunde ibali ngembonakalo enomdla notyibiliko.

**1. Emva kokufunda**
- Sebenzisani esisakhelo ukushwankathela iindawo uVuyo akhangele kuzo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**thw/** we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **thwala, thwasa, vuthwa, thwebula, thwibila, thwishilika, thwethwa, umthwebeba, ithwathwa**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Umthwa uthwethwa nethwathwa lakhe", Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**thw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**thw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/thw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-thw/**. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi** /thw/ **ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.**
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**thw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**t**/ + /**h**/

+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/thw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**thw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*


| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Idayari yeklasi nesicwangciso sesishwankathelo ebenisenze kwisifundo sokufunda notitshala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala idayari kaVuyo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kusebenzisa isicwangciso sesishwankathelo ebenisenze kwisifundo sokufunda notitshala.
- Baza kuzenza uVuyo bancedisane babhale idayari ngokwenzeke kuye mhla ikawusi yakhe ilahlekile.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ibali: **Sonwabile;** oonotsheluza bamagama
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Khumbuza: Thethani ngesiqingatha sebali osowusifundile.

**2. Ukufunda**
- Funda ubuze imibuzo malunga nendlela ezindlela zokunxulumana zazinokunceda nalapho zinokusilela ekuncedeni abantu.
- Inokuba kutheni izinto zitshintshile zingasafani nakudala?




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**thw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/ **thw /** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/ **thw** / ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.


Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zomsebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **n Iinjongo zesifundo:** Ukuhlola nokunikezela umsebenzi wabo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba mabahlole umsebenzi ebebewenza izolo beqinisekisa ukuba bazibhalile zonke iindawo uVuyo ajonge kuzo, into ayifumeneyo kwezondawo kwakunye nendlela azive ngawo wakugqiba ukukhangela.
- Cela abambalwa bafundele iklasi oko bakubhalileyo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-5: Usuku lwesi-5





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ibali: **Sonwabile**
- **Amalungiselelo:** Yakha amabalana ahlukileyo apho kumele abantu baqhagamshelane.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekulinganiseni kwingxoxo-mpikiswano ibisebalini. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

- Xela ibali libelinye ngexesha apho kufuneka abantu benxulumene.
- Xoxani ukuba bebeza kuqhagamshelana njani kudala.
- Bebeza kuqhagamshelana njani kule mihla?






## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (double letter cards cards) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi. (imizuzu emihlanu)**
- Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
- Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi (imizuzu imihlamu)**
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

Ukubhala ngesandla

**1. Ubizelo/upelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.
- Ubizelo: izivakalisi (izivakalisi nokuba zi-2)
  - Biza isivakalisi esinamagama ezandi ngokucacileyo kubekabini
  - Abafundi mabasibhale isivakalisi eso ezincwadini.

Jonga ababhale ngokuchanekileyo ze abafundi nenze izilingiso

# Iveki yesi-5: Usuku lwesi-5





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

umqheba,
ukubuthama,
ugcwabevu,
etyesini
ukonakala,
ukumbombozela,
ngesaquphe,
ubuchwepheshe,
amathambeka,
emqolombeni,
imbizo,
ukuhlaselwa,
isifede

# Iveki yesi-6: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-6, ibananga lesi-3: **Imozulu namaxesha onyaka;** oonotsheluza bamagama: **Ihlobo, intwasahlobo, uKwindla, eBusika, iyabanda, ishushu, ilanga, amafu, imvula, umoya**
- **Amalungiselelo:** Bhala isigama sesiXhosa kwipowusta uze ubhale nesihloko sepowusta ngesiXhosa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuxoxeni ngemozulu namaxesha onyaka. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo: Imozulu namaxesha onyaka**
- Leliphi ixesha lonyaka elikumfanekiso wokuqala nowesibini?
- Ohluke ngantoni la maxesha onyaka ngokusemfanekisweni?
- Wena wazi ukuba ohluke ngantoni?
- Ungatsho ukuba imozulu injani kwezinyanga?
- Leliphi ixesha lonyaka elikumfanekiso wesithathu nowesine?
- Ohluke ngantoni la maxesha onyaka ngokusemfanekisweni?
- Wena wazi ukuba ohluke ngantoni?
- Ungatsho ukuba imozulu injani kwezinyanga?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-90; oonotsheluza bamagama: **imayini, umgodi, unojikeleza, umzala**
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuchaza iimbono zabo namava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Imifanekiso:
  - Yintoni le ikhwelwe ngaba bantwana?
  - Inokuba kuphi kule ndawo?
  - Ngubani owakhe wandwendwela indawo enje?
- Isigama: Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda isicatshulwa
- Ngubani obhala eli khadi?
- Ulibhalela bani? Wazi njani?

**3. Emva kokufunda**
- Lifike njani eli khadi kumntu elibhalelwe yena? Wazi njani?
- Ukuba idilesi ibingekho belinokufika?

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**rhw/** we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **urhwaphilizo, iyarhwexa, iyarhwatshaza, umrhwebi**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Umrhwebi urhwaphilize imali yeshishini." Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**rhw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**rhw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).

- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.


**2. Umzobo wakanobumba u-/rhw/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**rhw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**rhw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**rhw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**r**/+/**h**/+/w/= (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/rhw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**rhw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: nesandi u-/**rhw/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u- /**rhw/** ngokudibanisa.


**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**rhw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela ababhalwa ngayo oonobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-6, iBanga lesi-3: **Imozulu namaxesha onyaka;** oonotsheluza bamagama: **Ihlobo, intwasahlobo, uKwindla, eBusika, iyabanda, ishushu, ilanga, amafu, imvula, umoya**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nemibuzo phambi kwesifundo
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuxoxeni ngemozulu namaxesha onyaka. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Khumbuzanani ngamaxesha onyaka ebenithetha ngawo izolo.
- Buza abantu abanemihla yokuzalwa kulamaxesha.
- Badla ngokwenza ntoni ukubhiyozela imihla yabo yokuzalwa?

**2. Umxholo:** Imozulu namaxesha onyaka
- Xelela abafundi ukuba baza kwenza incoko bebalisa ngelona xesha lonyaka balithandayo.
  - Kufuneka batsho ukuba kutheni bethanda eli xesha nje,
  - baze neyona mpahla bathanda ukuyinxiba ngeli xesha,
  - bazobe okona kutya bathanda ukutya ngeli xesha,
  - nezona zinto bathanda ukuzenza ngeli xesha. Banike ithuba lokuyila lencoko.



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-90; oonotsheluza bamagama: **imayini, umgodi, unojikeleza, umzala**
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuchaza iimbono zabo namava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thethani ngenikufundileyo izolo.
- Isigama: Phengulula isigama obusifundise ngezolo.
- Imfundiso ethe gca: Iinjongo zembalelwano
  - Cinga ngokuvakalayo: "Ingaba yintoni injongo yeli khadi?"
  - Ingaba kukubalisela uDumi ngeGold Reef City qha?
  - Inokuba yeyiphi enye into uBongi ayifunayo?

**2. Ukufunda**
- Abafundi mabafunde isicatshulwa ngembonakalo enomdla.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ibali ngokubuza imibuzo:
  - Ucinga ukuba uDumi uza kufuna ukuhamba noBongi kwixa elizayo? Ngoba?




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki
- **Amalungiselelo:** Lungisa itshati yokubhala. Yiza neemagazini ezindala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba encedisa utitshala abhale ikhadi ebalisela umhlobo wakhe ngexesha lonyaka alithandayo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kukuncedisa ukubhala ikhadi elibalisela umhlobo wakho ngexesha lonyaka olithandayo.
- Bhala ngendlela elibhalwe ngayo ikhadi elikwiphepha lama-90.
- Nize nikhangele umfanekiso okanye nenze umzobo kwelinye icala lephepha.
- Yalela abafundi baze neemagazini ezingasebenziyo esikolweni ngomso.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-6, iBanga lesi-3: **Imozulu namaxesha onyaka;** oonotsheluza bamagama**: Ihlobo, intwasahlobo, uKwindla, eBusika, iyabanda, ishushu, ilanga, amafu, imvula, umoya**
- **Amalungiselelo:** Irubrikhi yovavanyo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuxoxeni ngemozulu namaxesha onyaka. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Khumbuzanani ngamaxesha onyaka ebenithetha ngawo izolo.
- Buza abantu abanemihla yokuzalwa kulamaxesha.
- Badla ngokwenza ntoni ukubhiyozela imihla yabo yokuzalwa?

**2. Umxholo: Imozulu namaxesha onyaka**
- Xelela abafundi ukuba baza kwenza incoko bebalisa ngelona xesha lonyaka balithandayo.
  - Kufuneka batsho ukuba kutheni bethanda eli xesha nje,
  - baze neyona mpahla bathanda ukuyinxiba ngeli xesha,
  - bazobe okona kutya bathanda ukutya ngeli xesha,
  - nezona zinto bathanda ukuzenza ngeli xesha.
- Biza umfundi ngamnye enze incoko yakhe uze usebenzise irubrikhi yovavanyo.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ye-DBE yesiXhosa yoLwimi lwenkobe, iphepha lama-90; oonotsheluza bamagama: **imayini, umgodi, unojikeleza, umzala**
- **Amalungiselelo:** Jonga indlela isicatshulwa esakhiwe ngayo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuchaza iimbono zabo namava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Qaphelisa abafundi ukuba siqala ngombuliso isicatshulwa. Babuze indlela ezahlukileyo onokuqala ngayo ukubhala ikhadi.
- Jongani indlela esiphela ngayo.
- Izinto ezifunekayo kwidilesi ukuze ifike kumntu obhalelwayo

**2. Ukufunda:**
- Abafundi mabafunde isicatshulwa ecaleni komfanekiso ngamnye, ngembonakalo enomdla.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ntyw/** we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ukuntywila, unomadywabhantywili**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Unomadywabhantywili untywila edamini", Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ntyw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ntyw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ntyw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ntyw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ntyw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ntyw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**t**/+/y/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/ntyw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ntyw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.


*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*



## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zomsebenzi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela ikhadi kwisakhelo sokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ikhadi bebalisela abahlobo babo ngamaxesha onyaka abawathandayo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kukubhala ikhadi elibalisela umhlobo wakhe ngexesha lonyaka alithandayo nje ngoko enzile kwisifundo sokuphulaphula nokuthetha.
- Kufuneka abhale ngalandlela utitshala alibhale ngalo nelakhe ikhadi.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-4



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Azikho
- **Amalungiselelo:** Irubrikhi yokuvavanya ukuthetha.
- **Iinjongo zesifundo:** Bathetha ngelona xesha lonyaka balithandayo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo:** Imozulu namaxesha onyaka

- Xelela abafundi ukuba uza kubanika ixesha lokuziqhelanisa nencoko yabo. Bakhumbule ukulandela ezi ngongoma. Banike imizuzu emi-5.
  - Kufuneka batsho ukuba kutheni bethanda eli xesha nje,
  - baze neyona mpahla bathanda ukuyinxiba ngeli xesha,
  - bazobe okona kutya bathanda ukutya ngeli xesha,
  - nezona zinto bathanda ukuzenza ngeli xesha.
- Biza umfundi ngamnye enze incoko yakhe uze usebenzise irubrikhi yovavanyo.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ntyw/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ntyw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala unobumba u-/**ntyw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Iphepha, ipensile, isincamathelisi nesikera
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela ikhadi kwisakhelo sokubhala. Lungisa irubriki yokuvavanya.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ikhadi bebalisela abahlobo babo ngamaxesha onyaka abawathandayo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kukhuphela incoko yabo kwiphepha oza kubanika lona.
- Bakugqiba ukukhuphela mabafumane imifanekiso ebonisa elixesha lonyaka balithandayo ze balincamathisele kwelicala lephepha lingenambhalo.
- Ukuba akukho mifanekiso ifumanekayo mabazizobele eyabo.
- Sebenzisa irubrikhi yakho ukunika la makhadi amanqaku.

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-4




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda

### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*


- **Izixhobo:** Azikho
- **Amalungiselelo:** Irubrikhi yokuvavanya ukuthetha.
- **Iinjongo zesifundo:** Bathetha ngelona xesha lonyaka balithandayo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

1. **Umxholo:** Imozulu namaxesha onyaka
   - Xelela abafundi ukuba uza kubanika ixesha lokuziqhelanisa nencoko yabo. Bakhumbule ukulandela ezi ngongoma. Banike imizuzu emi-5.
     - Kufuneka batsho ukuba kutheni bethanda eli xesha nje,
     - baze neyona mpahla bathanda ukuyinxiba ngeli xesha,
     - bazobe okona kutya bathanda ukutya ngeli xesha,
     - nezona zinto bathanda ukuzenza ngeli xesha.

Biza umfundi ngamnye enze incoko yakhe uze usebenzise irubrikhi yovavanyo.






## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (double letter cards cards) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**


1. **Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)
   - Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
   - Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
   - Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
   - Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba
2. **Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)
   - Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
   - Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
   - Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

1. **Ubizelo/upelo**
   - Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
   - Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8)
     - Biza igama ngokucacileyo
     - Lisebenzise kwisivakalisi
     - Libize kwakhona ngokucacileyo
     - Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.
   - Ubizelo: izivakalisi (izivakalisi nokuba zi-2)
     - Biza isivakalisi esinamagama ezandi ngokucacileyo kubekabini
     - Abafundi mabasibhale isivakalisi eso ezincwadini.

Jonga ababhale ngokuchanekileyo ze abafundi nenze izilingiso

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-5





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

Ihlobo,
intwasahlobo,
uKwindla,
eBusika,
iyabanda,
ishushu,
ilanga,
amafu,
imvula,
umoya
imayini,
umgodi,
unojikeleza,
umzala

# Iveki yesi-7: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Azikho
- **Amalungiselelo:** Iindaba zakho zempela-veki
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**Iindaba zempela-veki**

- Balisela abafundi ezakho iindaba zempela-veki.
- Yalela abafundi ukuba bacinge ngokwenzekileyo kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Umfundi ngamnye makabalise okwenzeke kwimpela-veki yomhlobo wakhe.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ka-Vula Bula, ibali: **Gcinela ingomso;** oonotsheluza besigama: **ukukhuthala, iziyolo, ukunyameka, ukuphanda, ukwaluka, uphinyephinye, ukugcayisela, ubuvila**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**

- Iqweqwe: Thethani ngesihloko nomfanekiso, buza imibuzo:
  - Ingaba eli bali liza kuba ngantoni? (qikelela)
- Imfundiso ethe gca: Ubuchule bokuqikelela
  - Xelela abafundi ukuba le into basanda ukuyenza yokucinga ukuba ibali lingantoni kukuqikelelela.
  - Baxelele ukuba ukuqikelela kukusebenzisa zonke izinto ozibonayo, ozaziyo nozicingayo ukucinga ngento enokwenzeka.
  - Ayikho nye impendulo yokuqikelela kuba ulwazi lwethu alulingani kwaye alufani koko yenza ufunda ibali kube nomtsalane kakhulu.
- Imifanekiso: Tyhila ibali (ngaphandle kokulifunda). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Ezinye izilwanyana zizixakekise ngokwenza ntoni? Intothoviyane? Ukufunda
- Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Isifundo sokuqala: Funda ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa ukufunda notyibiliko.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kwamaphepha amabini:
  - Ingaba intaka iza kuqokelela ntoni yona, intuku njalo-njalo?
  - Ucinga ukuba iza kuziva njani intothoviyane kwakufika ubusika? Emva kokufunda
- Vala isifundo sokuqala: gqibezela ngokubuza:
  - Yintoni wena ekufuneka uyigcinele ingomso ungayisebenzisi ngosuku olunye?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ngc**/ we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ingcongolo, ngcu, ingcinga, ngcola, ingca, ingcibi, ngcileza, ingcombolo, ingcungcu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Ndibone ingcuka ingcangcazela ngasengceni." Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ngc/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngokuvakalayo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ngc**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo,

esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ngc/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ngc**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ngc/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ngc**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**g**/+/c/= (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/ngc/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ngc**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ngc/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ngc/** ngokudibanisa.


**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ngc**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Unana nombungu;** oonotsheluza bamagama: **ukuchwikisha, ukunxwalana, ukungayisi so, shwaka, ukuxhalaba, isigculelo, wasombela isinqe, inkxalabo, sirhalarhume**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukuvakalisa izimvo zabo malunga nowuphi na undaba-mlonyeni okhethiweyo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Thethani ngesihloko sencwadi nomfanekiso uze ubuze imibuzo.
  - Kuqhubeka ntoni kulo mfanekiso?
  - Nicinga ukuba iza kuba ngantoni eli bali? (qikelela)

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu:
  - Yintoni eyayikhathaza abantu ngesimilo sika Nana?
  - Ukuba wena ubunguSamba ubungamsindisa uNana?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi ka-Vula Bula ibali: **Gcinela ingomso;** oonotsheluza bamagama: **ukukhuthala, iziyolo, ukunyameka, ukuphanda, ukwaluka, uphinyephinye, ukugcayisela, ubuvila**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**
**Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Ncokolani ngesifundo sayizolo.
  - Xoxani ngesigama. Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke. Ukufunda
- Funda ibali nabafundi, ngembonakalo enomdla notyibiliko. Emva kokufunda
  - Sebenzisa izigaba zebali ukushwankathela ibali.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:** Izigaba zokubhala zikaGcinela ingomso
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ibali leklasi

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kukunceda nibhale ibali leklasi.
- Thatha isigaba sebali ebenisenza ukushwankathela uGcinela ingomso.
- Thethathenani malunga noko nifuna kube sebalini lenu.
- Emva kweembono zonke khethani ezo zifunwa luninzi leklasi.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Unana nombungu;** oonotsheluza bamagama: **ukuchwikisha, ukunxwalana, ukungayisi so, shwaka, ukuxhalaba, isigculelo, wasombela isinqe, inkxalabo, sirhalarhume**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukuvakalisa izimvo zabo malunga nowuphi na undaba-mlonyeni okethiweyo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**

- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Khumbuza: Thethani ngokufundiweyo ebalini. Ukufunda
- Balisani ibali nisebenzisa imifanekiso nesigama esifundiweyo
- Xelela abafundi ukuba ngomso baza kwenza umdlao ngeli bali ze batsho ukuba bona libafundise ntoni eli bali.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi ka-Vula Bula ibali: **Gcinela ingomso;** oonotsheluza bamagama: **ukukhuthala, iziyolo, ukunyameka, ukuphanda, ukwaluka, uphinyephinye, ukugcayisela, ubuvila**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Thethani ngesifundo sayizolo.
- Isigama: Phengulula isigama esifundiswe kule veki. Ukufunda:
- Yalela abafundi bafunde ibali ngembonakalo enomdla notyibiliko. Emva kokufunda

Ngubani omaziyo olivila? Wenza ntoni yena xa abanye besebenza? Yayintoni imiphumela yalonto.

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**njw**/ we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ibanjwa**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **"Ibanjwa libanjwe lisaqhweshwa"**, Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**njw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**njw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/njw/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**njw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**njw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**njw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**j**/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/njw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**njw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.


*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki
- **Amalungiselelo:** Iimbono iklasi ibivumelene ngazo
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ibali leklasi.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba niza kusebenzisa ezambono benivumelene ngazo izolo ukubhala elenu ibali.
- Mamela zonke izimvo ze nikhethe ezona zivakalisi zilenza ibali lenu lithungelane kwaye linike umdla.
- Fundani nilungise izivakalise, ukuze baphuhlise isakhono sabo sokuhlela.
- Khuphela ibali eligqityiweyo ngocoselelo kwiphepha elitsha.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-4





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Unana nombungu**; oonotsheluza bamagama ukuchwikisha: **ukunxwalana, ukungayisi so, shwaka, ukuxhalaba, isigculelo, wasombela isinqe, inkxalabo, sirhalarhume**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba emdlalweni weqonga kaNana nombungu. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

- Yahlula abafunda babe ngamaqela apho wonke ubani uza kuba nendawo yokuthetha.
- Bakhuthaze basebenzise isigama esifundiweyo emdlalweni wabo
- Ubakhumbuze ukuba ekugqibeleni kufuneka baxelele iklasi oko bakufundileyo ebalini
- Banike ithuba lokuziqhelanisa.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**njw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**njw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**njw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zemisebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Ibali leklasi
- **Iinjongo zesifundo:** Ukukhuphela ibali leklasi ze uzobe umfanekiso wakho

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kukhuphela ibali leklasi ezincwadini zabo.
- Emva kokukhuphela umbhalo mabazobe umfanekiso.

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-4




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-5





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Unana nombungu;** oonotsheluza bamagama: **ukuchwikisha, ukunxwalana, ukungayisi so, shwaka, ukuxhalaba, isigculelo, wasombela isinqe, inkxalabo, sirhalarhume**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba emdlalweni weqonga kaNana nombungu. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. **Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke**

**IMISEBENZI**
- Nika onke amaqela ithuba lokwenza umdlalo wabo phambi kweklasi.
- Banike iingcebiso zokuphuhlisa isakhono sabo.






## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (double letter cards cards) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** (imizuzu emihlanu)
- Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
- Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba


**2. Ukufunda amagama ezandi** (imizuzu imihlamu)
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo/upelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.
- Ubizelo: izivakalisi (izivakalisi nokuba zi-2)
  - Biza isivakalisi esinamagama ezandi ngokucacileyo kubekabini
  - Abafundi mabasibhale isivakalisi eso ezincwadini.

Jonga ababhale ngokuchanekileyo ze abafundi nenze izilingiso

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-5





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona


- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

ukukhuthala,
iziyolo,
ukunyameka,
ukuphanda,
ukwaluka,
uphinyephinye,
ukugcayisela,
ubuvila
ukuchwikisha,
ukunxwalana,
ukungayisi so,
shwaka,
ukuxhalaba,
isigculelo,
wasombela
isinqe,
inkxalabo,
sirhalarhume

# Iveki yesi-8: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5: **Ukucoca isikolo;** isigama: **umgqomo wokuhlaziywayo, ibhegi yeplastiki, umgqomo, inkunkuma, umtshayelo, amaphephandaba, iplastiki, iitoti, iphepha, iglasi**
- **Amalungiselelo:** Bhala isihloko nesigama esikwipowusta ngesiXhosa. Lungisa imibuzo oza kuyibuza ngepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukuthetha ngokucoca isikolo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**1. Iindaba zempela-veki**
- Yalela abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngento ibenye abathe bayonwabela kakhulu kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika umfundi ngamnye umzuzu ukuze abalise ngeendaba zakhe.
- Chonga abafundi ababini okanye abathathu ukuze babalise ngeendaba zabo phambi kweklasi yonke. (chonga abafundi abohlukileyo veki nganye)

**2. Umxholo:** Ukucoca isikolo
- Buza abafundi ukuba kwenzeka ntoni kule powusta?
- Kutheni ibalulekile lento yenziwa ngabantwana kule powusta?
- Yintoni oyiqaphelayo ngale migqomo?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi woku-1 ye-DBE yesiXhosa, iphepha le-120; oonotsheluza bamagama: isaziso, ukukhuculwa, iinkonkxa
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo oza kubabuza yona.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni nasekuphenduleni imibuzo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Isihloko: UBongi uyacoca.
- Umfanekiso: Kuphi apha? Kutheni becoca abantwana apha? Nakhe nacoca phi nina?

**2. Ukufunda**
- Isigama: Fundisa isigama esitsha ngokusebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
- Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta ubasebenzise iveki yonke.
- Abafundi mabafunde isicatshulwa nawe.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ibali ngokubuza imibuzo:
- Ungathi uBongi noAnn ngabantwana abanjani?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**nkx/** we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **inkxaso, inkxakamo, iinkonxa, inkxalabo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Iinkonkxa zenza ingxolo". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**nkx/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**nkx**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).

Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.


**2. Umzobo wakanobumba u-/nkx/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**nkx**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**nkx/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**nkx**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**k/**+/x/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /nkx/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**nkx**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela*




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-nkx/ **ngokudibanisa.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**nkx/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**


**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**nkx**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-2



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5: **Ukucoca isikolo;** isigama: **umgqomo wokuhlaziywayo, ibhegi yeplastiki, umgqomo, inkunkuma, umtshayelo, amaphephandaba, iplastiki, iitoti, iphepha, iglasi**
- **Amalungiselelo:** Bhala isihloko nesigama esikwipowusta ngesiXhosa. Lungisa imibuzo oza kuyibuza ngepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngokucoca isikolo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Thethani ngokufundwe izolo.

**2. Umxholo: Ukucoca isikolo**
  - Thethani ngenkunkuma enokusetyenziswa kwakhona (abafundi mabanike imizekelo).
  - Thethani ngenkunkuma ejikwayo yenziwe enye into (abafundi mabanike imizekelo).
  - Inokuba yenziwa ntoni iglasi?
  - Inokuba amaphepha enziwa ntoni?
  - Inokuba iplastiki yenziwa ntoni?
  - Inokuba iitoti zenziwa ntoni?



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi woku-1 ye-DBE yesiXhosa, iphepha le-120; oonotsheluza bamagama: isaziso, ukukhuculwa, iinkonkxa
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo oza kubabuza yona.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni nasekuphenduleni imibuzo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Thetha ngokufunde izolo.
- Isigama: Phengulula isigama esitsha.
- Imfundiso ethe gca: indlela isaziso esibhalwa ngayo
  - Kutheni ezinye izinto zibhalwe kakhulu?
  - Kutheni ezinye zibhalwe ngomnye umbala?
  - Kutheni aba bantwana besenze sasihle isaziso sabo?

**2. Ukufunda**
- Fundani isitshatshulwa nabafundi.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala isaziso malunga nokhuphiswano lokwenza into usebenzisa inkunkuma.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kukuncedisa ubhale isaziso seklasi malunga nomsebenzi abaza kuwenza wokwenza into besebenzisa inkunkuma.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda

### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5: **Ukucoca isikolo.** Isigama: **umgqomo wokuhlaziywayo, ibhegi yeplastiki, umgqomo ,inkunkuma, umtshayelo, amaphephandaba, iplastiki, iitoti, iphepha, iglasi**
- **Amalungiselelo:** Bhala isihloko nesigama esikwipowusta ngesiXhosa. Lungisa imibuzo oza kuyibuza ngepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngokucoca isikolo nokuceba into abanokuyenza besebenzisa inkunkuma. Ukunika  abafundi amathiba  okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**Khumbuza: Khumbuzanani ngenikufunde izolo.**

- Xelela abafundi ukuba baza kusebenza ngababini okanye ngabathathu.
- Mabaxoxe ukuba yeyiphi inkunkuma abangayisebenzisa ukwenza enye into abanokuyisebenzisa.
- Mabaxoxe besiza neembono.
- Babuze imibuzo malunga nalento baza kuyenza.
- Bayalele beze nalenkunkuma eklasini ngomso ukuze benze lento bagqibe ekuyenzeni.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi yomsebenzi woku-1 ye-DBE yesiXhosa, iphepha le-120 nele-121; oonotsheluza bamagama: **isaziso, ukukhuculwa, iinkonkxa**
- **Amalungiselelo:** Funda isicatshulwa phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo oza kubabuza yona.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni nasekuphenduleni imibuzo.

**IMISEBENZI**

- Ukufunda:
  - Xelela abafundi bafunde ngababini.
  - Bakufunda ngababini mabaphendula imibuzo kwiphepha le-121.
  - Hamba-hamba uqinisekise ukuba umsebenzi uyenziwa.

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**nkxw**/ we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: Isankxwe, inkxwaleko
- **Amalungiselelo:** Bhala oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**nkxw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**nkxw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/nkxw/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**nkxw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**nkxw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**nkxw**/.
- Mabababize abanobumba nganye-nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**k**/+/x/+ /w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /nkxw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**nkxw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*




## Ukubhala beliqela *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala; iipensile
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuchazeni into abaza kuyenza besebenzisa inkunkuma.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba kufuneka babhale phantsi inqanaba ngalinye abalithathayo ekwenzeni lo nto bakhethe ukuyenza ngenkunkuma yabo.
- Mabaqale ngokuchaza yintoni abaza kuyisebenzisa.
- Baze ngenyathelo lokuqala ukuya kwelokugqibela.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5: **Ukucoca isikolo;** isigama: **umgqomo wokuhlaziywayo, ibhegi yeplastiki, umgqomo, inkunkuma, umtshayelo, amaphephandaba, iplastiki, iitoti, iphepha, iglasi**
- **Amalungiselelo:** Bhala isihloko nesigama esikwipowusta ngesiXhosa. Lungisa imibuzo oza kuyibuza ngepowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngokucoca isikolo nokuceba into abanokuyenza besebenzisa inkunkuma. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

- Abafundi mabasebenzise inkunkuma abaze nayo ukwenza le nto bebeyicebile kwisifundo sayizolo.
- Qinisekisa ukuba baqhaphele ukuba baqale njani kwaza kwalandela ntoni baza bagqibela ngantoni kuba kuza kufuneka bebalisele iklasi ngendlela abenze ngayo.
- Bakugqiba banike ithuba lokuziqhelanisa.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**nkxw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**nkxw/.** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**nkxw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Amaphepha okubhala; iipensile, irubrikhi yokuvavanya
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala amanqanaba okwenza into usebenzisa inkunkuma.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba mabakhuphele oko bebekubhala izolo.
- Inqanaba ngalinye mabalisizobele umfanekiso.
- Mabafunde umsebenzi wabo ukuqinisekisa ukuba zonke iimpazamo bazilungisile.
- Sebenzisa irubrikhi ukuvavanya lo msebenzi

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-4




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda

### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5: **Ukucoca isikolo**. Isigama: **umgqomo wokuhlaziywayo, ibhegi yeplastiki, umgqomo, inkunkuma, umtshayelo, amaphephandaba, iplastiki, iitoti, iphepha, iglasi**
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngento abayenzileyo ngenkunkuma. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

Nika onke amaqela ithuba lokuchaza into abayenzileyo kwaye basebenzise ntoni na ukuyenza.




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30)*

- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (double letter cards cards) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

1. **Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** **(imizuzu emihlanu)**
   - Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
   - Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
   - Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
   - Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba
2. **Ukufunda amagama ezandi** **(imizuzu imihlamu)**
   - Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
   - Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
   - Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

1. **Ubizelo/upelo**
   - Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
   - Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8)
     - Biza igama ngokucacileyo
     - Lisebenzise kwisivakalisi
     - Libize kwakhona ngokucacileyo
     - Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.
   - Ubizelo: izivakalisi (izivakalisi nokuba zi-2)
     - Biza isivakalisi esinamagama ezandi ngokucacileyo kubekabini
     - Abafundi mabasibhale isivakalisi eso ezincwadini.

Jonga ababhale ngokuchanekileyo ze abafundi nenze izilingiso

# Iveki yesi-8: Usuku lwesi-5





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

umgqomo
wokuhlaziywayo,
ibhegi yeplastiki,
umgqomo,
inkunkuma,
umtshayelo,
amaphephandaba,
iplastiki,
iitoti,
iphepha,
iglasi,
isaziso,
ukukhuculwa,
iinkonkxa

# Iveki ye-9: Usuku loku-1

**Ucoceko**

Coceka engqondweni
Naphaya engqiqweni
Uqal' emfihlekweni
Nasembonakalweni

Coceka emzimbeni
Uqal' ezinweleni
Use nakwengaphantsi
Esihlangwin' ezantsi

Coceka ngococeko
Oluchaz' imfezeko
Uhlal' usempilweni
Usinde ezifeni

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Umbongo: **Ucoceko**
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa uyawazi umbongo ngococeko nendlela ohamba ngayo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukumamela isicengcelezo ngococeko. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**1. Iindaba zempela-veki**
- Yala abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngento ibenye abathe bayonwabela kakhulu kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika umfundi ngamnye umzuzu ukuze abalise ngeendaba zakhe.
- Chonga abafundi ababini okanye abathathu ukuze babalise ngeendaba zabo phambi kweklasi yonke. (chonga abafundi abohlukileyo iveki nganye)

**2. Umxholo: Umbongo ngococeko**
- Khumbuza abafundi malunga noko benikufunda ngeveki yesi-8.
- Benzele umbongo ngococeko uze ubachazele intsingiselo yawo.

**Iphupha likaNtombentsha.**

Iphupha likaNtombentsha
lavuselelwa yintshumayelo
kaTatu Ntshanyana
Ontshebe zinde noyintshayi
evunyiweyo
Ekhuthaza ulutsha luphile
ngeendlela ezintsha
Khon' ukuze ludanis' iintshaba
Wazibon' eyintshatsheli elwa
nokusasazwa
kweentshologwane

Intshayelelo, watyala iimfundiso
kubazali
Zathi zakuntshula, kwatshintsh'
izimbo
Kusenjalo lehla nezinga
leentshulube
Lentshukumo yakhe sele
imphathele nentshinga
Huntshu! Ntombentsha!
Ntshatsheli yethu esilwela
kwiintsholongwane!

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** umbongo. **Iphupha likaNtombentsha;** oonotsheluza bamagama: **intshayelelo, ukuntshula, intshinga**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Isihloko: Thethani ngesihloko sombongo.
  - Umntu uphupha xa kutheni?
  - Ubuphuphe ntoni wena?
  - Ucinga uNtombentsha uza kuphupha ntoni yena? (qikelela)
- Imifanekiso: Jonga umfanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso?
- Isigama: Fundisa isigama esitsha usebenzisa oonotsheluza.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda umbongo ngembonakalo enomdla, bonisa utyibiliko nangesingqi. Buza imibuzo yengqiqo emva kofunda imiqolo emine:
  - Inokuba wayelele uNtombentsha ngentshumayelo kaTata uNtshanyana?
  - Wenza ntoni ukunqanda usasazo lweentsholongwane?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza:
- Ucinga ukuba kutheni uNtombetsha wakhetha ukulwa nokusasazwa kweentsholongwane emphakathini?
- Ucinga zeziphi ezi zimbo zatshintshayo?
- Babeziva njani abahlali ngoNtombentsha?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ntsh**/ we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ntshula, intsholo, intshongo, intshukumo, iintshulube, intshumayelo, intsholongwane, tshintsha, utshintsho**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Intshulube zenziwa ziintsholongwane". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ntsh/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ntsh**/ (qiniseka ukuba umfundi angabandakanyi isikhamiso).

- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.


**2. Umzobo wakanobumba u-/ntsh/:**

- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ntsh**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ntsh**/ ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ntsh**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**t**/+/s/+/h/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /ntsh/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ntsh**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ntsh/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ntsh/** ngokudibanisa.


**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ntsh**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa <u>ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo</u>
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyenda.

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-2

**Ucoceko**

Coceka engqondweni
Naphaya engqiqweni
Uqal' emfihlekweni
Nasembonakalweni

Coceka emzimbeni
Uqal' ezinweleni
Use nakwengaphantsi
Esihlangwin' ezantsi

Coceka ngococeko
Oluchaz' imfezeko
Uhlal' usempilweni
Usinde ezifeni

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Umbongo: **Ucoceko**
- **Amalungiselelo:** Bhala umbongo kwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukucengceleza umbongo ngembonakalo enomdla nangengqiqo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ngesakhiwo sombongo. Jonga ukuba basayikhumbula na intsingiselo yombongo.
- Ncamathisela umbongo eludongeni.
- Funda umqolo ngamnye uze ucele abafundi bawuphinde emva kwakho.
- Bakuwubethelela umqolo, gqithela kolandelayo de babe bayawazi wonke umbongo.

**Iphupha likaNtombentsha.**

Iphupha likaNtombentsha
lavuselelwa yintshumayelo
kaTatu Ntshanyana
Ontshebe zinde noyintshayi
evunyiweyo
Ekhuthaza ulutsha luphile
ngeendlela ezintsha
Khon' ukuze ludanis' iintshaba
Wazibon' eyintshatsheli elwa
nokusasazwa
kweentshologwane

Intshayelelo, watyala iimfundiso
kubazali
Zathi zakuntshula, kwatshintsh'
izimbo
Kusenjalo lehla nezinga
leentshulube
Lentshukumo yakhe sele
imphathele nentshinga
Huntshu! Ntombentsha!
Ntshatsheli yethu esilwela
kwiintsholongwane!

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umbongo. **Iphupha likaNtombentsha;** oonotsheluza bamagama: **intshayelelo, ukuntshula, intshinga.**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala. Ukufunda ngokuzekelisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Ncokolani ngesifundo sayizolo.
  - Phengulula isigama.
- Imfundiso ethe gca: Ukuzekelisa
  - Xa umntu ezekelisa usukube efanisa into nenye into.
  - Ngamanye amaxesha ayibhalwanga icace into kodwa kusetyenziswa ukuyifanisa nenye into.
  - Mamela lo mbongo utsho ukuba yintoni efaniswa nenye apha.

**2. Ukufunda**

- Funda umbongo nabafundi ngembonakalo enomdla.

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela isifundo ngokubuza.
  - Ukufundiswa imfundiso kukaNtombentsha kufaniswa nantoni?
  - Ukutshintsha kwezimbo kufaniswa nantoni?



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:** Awekho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuyileni umbongo neklasi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala umbongo wephupha lenu.
- Kufuneka nicingisane ukuba yeyiphi into enibawela ukuyenza niyiklasi
- Mabaze neembono abafundi ze kuthathwe eyona ithandwe luninzi lweklasi
- Bhalani ngelophupha: o Lavuselelwa ngubani?
  - Laliyintoni?
  - Nenza ntoni ukuze liphumelele?
  - Baziva njani abantu ngani?

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-2




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda

### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-3

**Ucoceko**

Coceka engqondweni
Naphaya engqiqweni
Uqal' emfihlekweni
Nasembonakalweni

Coceka emzimbeni
Uqal' ezinweleni
Use nakwengaphantsi
Esihlangwin' ezantsi

Coceka ngococeko
Oluchaz' imfezeko
Uhlal' usempilweni
Usinde ezifeni

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Umbongo: **Ucoceko.** Irubrikhi yovavanyo
- **Amalungiselelo:** Xhoma ipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukucengceleza umbongo ngembonakalo enomdla notyibiliko.Ukunika abafundi amathiba  okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Cengcelezani umbongo nonke niyiklasi. Bonisani imijekulo efanelekileyo nokucengceleza okunotyibiliko.
- Yalela abafundi ukuba baza kusebenza bengamaqela anamalungu amahlanu.
- Iqela ngalinye liza kungenela ukhuphiswano lokwenza isicengcelezo sombongo. Elona qela ligqwesileyo ekwenzeni esi sicengcelezo liza kuphumelela kolu khuphiswano.
- Banike ithuba lokuziqhelanisa nesicengcelezo sombongo.
- Baxelele izinto oza kuzijonga ukukhangela abagqwesileyo:
  - Onke amalungu eqela kufuneka acengceleze ngembonakalo enomdla notyibiliko.
  - Amazwi amalungu onke kufuneka avakale.
- Onke amaqela kufuneka athathe inxaxheba, emva koko kuvotwe.
- Sebenzisa irubrikhi ukuvavanya umfundi ngamnye ekwenzeni isicengcelezo.

**Iphupha likaNtombentsha.**

Iphupha likaNtombentsha
lavuselelwa yintshumayelo
kaTatu Ntshanyana
Ontshebe zinde noyintshayi
evunyiweyo
Ekhuthaza ulutsha luphile
ngeendlela ezintsha
Khon' ukuze ludanis' iintshaba
Wazibon' eyintshatsheli elwa
nokusasazwa
kweentshologwane

Intshayelelo, watyala iimfundiso
kubazali
Zathi zakuntshula, kwatshintsh'
izimbo
Kusenjalo lehla nezinga
leentshulube
Lentshukumo yakhe sele
imphathele nentshinga
Huntshu! Ntombentsha!
Ntshatsheli yethu esilwela
kwiintsholongwane!

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umbongo. **Iphupha likaNtombentsha;** oonotsheluza bamagama: **intshayelelo, ukuntshula, intshinga.**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala. Ukufunda ngokuzekelisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- Khumbuza: Ukuzekelisa
- Cela imizekelo yokuzekelisa kubafundi.
- Ukuhlalutya abalinganiswa
  - Abafundi mababalise ngawabo amaphupha.

**2. Funda**

- Abafundi mabafunde bonke ngelixa ubalathela.

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-3




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ntshw/** we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: ukushwantshwatha, emantshontshweni
- **Amalungiselelo:** Bhala oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ntshw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ntshw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ntshw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ntshw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ntshw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ntshw**/.
- Mabababize abanobumba nganye-nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**t**/+/s/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi /ntshw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ntshw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.


*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*



## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Xhoma isicengcelezo seklasi kwisakhelo sokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala umbongo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kubhala umbongo wephupha labo.
- Kufuneka bacinge ukuba yeyiphi into ababawela ukuyenza.
- Mababhale ngelophupha:
  - Lavuselelwa ngubani?
  - Laliyintoni?
  - Wenza ntoni ukuze liphumelele?
  - Baziva njani abantu ngaye lakuphumelela?




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Ibhola ekhatywayo;** oonotsheluza besigama: **iqakamba, ubuchule, intlazane, elunxwemeni**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**Phambi kokufunda**

- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Iqweqwe: Thethani ngeqweqwe nesihloko sencwadi.
- Imifanekiso: Nicinga ukuba liza kuba ngantoni eli bali? (qikelela)
- Isigama: Yazisa abafundi ngamagama amatsha akoonotsheluza. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke. Ukufunda
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo yokuqonda:
  - Ngoobani kuni abathanda ibhola ekhatywayo?
  - Benza ntoni ababantwana ukuzama ukuba bangabadlali bodumo?




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ntshw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ntshw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ntshw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-4




## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Iincwadi; iipensile, irubrikhi yokuvavanya.
- **Amalungiselelo:** Xhoma isicengcelezo seklasi kwisakhelo sokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala umbongo.

**IMISEBENZI**

- Umfundi uhlola umbongo wakhe.
- Anike umbongo wakhe isihloko.
- Azobe umfanekiso.
- Thatha lo msebenzi uwusebenzisele uvavanyo




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**

**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki ye-9: Usuku lwesi-5





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi: **Ibhola ekhatywayo;** Oonotsheluza bamagama: **iqakamba, ubuchule, intlazane, elunxwemeni**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali belonwabele baze baphendule imibuzo. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**
- Khumbuza abafundi ngesigama.
- Thethani ngoyena mdlali ubalaseleyo eMzantsi Afrika webhola
- Thethani ngoyena mdlali ubalaseleyo elizweni
- Buza abafundi ngoyena mdlali bona bamthandayo nento abalasele ngayo.




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu engama -30) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (double letter cards cards) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi.** **(imizuzu emihlanu)**
- Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
- Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba


**2. Ukufunda amagama ezandi** **(imizuzu imihlamu)**
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

<u>Ukubhala ngesandla</u>

**1. Ubizelo/upelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8)
  - Biza igama ngokucacileyo
  - Lisebenzise kwisivakalisi
  - Libize kwakhona ngokucacileyo
  - Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.
- Ubizelo: izivakalisi (izivakalisi nokuba zi-2)
  - Biza isivakalisi esinamagama ezandi ngokucacileyo kubekabini
  - Abafundi mabasibhale isivakalisi eso ezincwadini.

Jonga ababhale ngokuchanekileyo ze abafundi nenze izilingiso






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15) UHLOLO*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala, irubrikhi yovavanyo
- **Amalungiselelo:** Bhala lo mhlathi ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**
**Mabakhuphele:**
- Iintshonongwane zizintshaba eluntwini. Zingakugulisela oogqirha nezicaka ukuba akukhuthalelanga ukucoca izandla zakho.

Thatha lo msebenzi usebenzise irubrikhi ukuwuvavanya.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

intshayelelo,
ukuntshula,
intshinga,
iqakamba,
ubuchule,
intlazane,
elunxwemeni

# Iveki ye-10: Usuku loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-10, iBanga lesi-3: **Iphiramidi yokutya;** oonotsheluza bamagama: **Amandongomane, amaqanda, inkukhu, inyama, ibheyikhoni, intlanzi. Ubisi. Isonka samasi, iyogathi, iziqhamo, imifino. Irayisi, ipasta, isonka, ipapa**
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngokwenzeka kulo mfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukuthetha ngepowusta. Ukunika abafundi amathiba okuthethe izimvo zabo ngokukhululekileyo. Mabaxoxe iimpendulo zemibuzo ngababini kuqala ze nandule ukuxoxa nonke

**IMISEBENZI**

**1. Iindaba zempela-veki**
- Yalela abafundi ukuba bacinge umzuzu omnye ngento ibenye abathe bayonwabela kakhulu kwimpela-veki edlulileyo.
- Baxelele ukuba babelane ngeendaba zabo ngababini.
- Nika isibini ngasinye umzuzu ukuze babalise ngeendaba zabo.
- Chonga abafundi abathathu okanye abane ukuze babalise ngeendaba zabo phambi kweklasi yonke. (chonga abafundi abohlukileyo veki nganye)

**2. Umxholo: Iphiramidi yokutya**
- Jonga umfanekiso, Ucinga ukuba kutheni ezindidi zokutya zimi ngolu hlobo?
- Kokuphi okona kutya ukuthandayo apha?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula yesi-7: **Isuphu yelitye;** oonotsheluza besigama: **ukwabelana, isongo, umhambi, ukuswela, ihlwempu, umphunga, ngcamla, iphunga, isondlo, chatha**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe:** Thethani ngesihloko nomfanekiso, buza imibuzo:
  - Ingaba eli bali liza kuba ngantoni? (qikelela)
- **Imifanekiso:** Tyhila ibali (ngaphandle kokulifunda). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Ucinga ukuba iphi lendoda? Yintoni echaza oko?

**2. Ukufunda**
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Isifundo sokuqala:** Funda ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa ukufunda notyibiliko.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kwamaphepha amabini:
  - Ucinga ukuba le ndoda sisityebi okanye lihlwempu? Kutheni usitsho nje?

**3. Emva kokufunda**
- Vala isifundo sokuqala: gqibezela ngokubuza:
  - Wena ubungenza cebo lithini ukuba ubungulomhambi?

# Iveki ye-10: Usuku loku-1




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**dy**/ no-/**ndy/** we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: idyoki, dyobha, dyarha, umdyarho, idyungudyungu, indyebo, indyandya, indyengendyenge.
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wesivakalisi: **"UNdyebokazi unedyungudyungu elindyengendyenge".** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anezandi u-/**dy**/ no-/**ndy/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngokuvakalayo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwezandi u-/**dy**/ no-/**ndy/** (qiniseka ukuba umfundi angabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.


**2. Umzobo wakanobumba u-/dy/ no-/ndy/:**


- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**dy**/ n- /**ndy/**. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /dy/ no-/ndy/ ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**dy**/ no-/**ndy/**.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**d**/+/**y/** no/n/+/d/+/y/= (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/dy/ no-/ndy/(ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**dy**/ no-/**ndy/**.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **n Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala
- **n Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**dy/** no-/**ndy/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**dy/** no-/**ndy/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**

- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**dy**/ no-/**ndy/** ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**

- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-2





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Ilzixhobo:** Ipowusta ye-10, iBanga lesi-3: **Iphiramidi yokutya;** oonotsheluza bamagama: **Amandongomane, amaqanda, inkukhu, inyama, ibheyikhoni, intlanzi. Ubisi. Isonka samasi, iyogathi, iziqhamo, imifino. Irayisi, ipasta, isonka, ipapa**
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngokwenzeka kulo mfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeendaba zempela-veka. Ukuthetha ngepowusta.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Thethani ngenikufunde izolo

**2. Umxholo: Iphiramidi yokutya**
- Ufumana eziphi izakhamzimba kwezi zinto zahlukileyo sizityayo?
- Zikhona ezinye iindidi zokutya ezingekhoyo kulephiramidi?
- Zeziphi?
- Ucinga ukuba yintoni ebangela zingabikho?
- Qaphela zonke izinto ozitye namhlanje ukuqala kwisidlo sakusasa ukuya kwesangokuhlwa.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula yesi-7: **Isuphu yelitye;** oonotsheluza bamagama: **ukwabelana, isongo, umhambi, ukuswela, ihlwempu, umphunga, ngcamla, iphunga, isondlo, chatha**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda. Ukufunda ngezithetha ntonye.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Khumbuza: Ncokolani ngesifundo sayizolo.
  - Xoxani ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Imfundiso  ethe gca: Buza abafundi ukuba bayazazi na izithetha ntonye?
  - Baxelele ukuba ngamagama athetha into enye. Asetyenziswa ukunika isicatshulwa isigama esityebileyo okanye ukwenza umntu asive ngendlela ethile.
  - Umzekelo ukuba ufuna ukuthi umntwana uyakhala ungathi uyalila, uyajweda, okanye uyakhwina.
  - Bacele bakunike imizekelo.

**2. kufunda**
- Funda ibali nabafundi, ngembonakalo enomdla notyibiliko.
- Xa umntu eve izithetha nto-nye ebalini aphakamise isandla.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ibali ngokubuza imibuzo:
  - Kuyenzeka ukuba isuphu yenziwe ngelitye namanzi? Kutheni usitsho nje?




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki
- **Amalungiselelo:** Zoba iphiramidi yokutya ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukukhangela ukuba indlela utitshalakazi atya ngayo yamkelekile na.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba uza kusebenzisa le phiramidi ukujonga ukuba ingaba uzitya zonke iindidi zokutya eziyimfuneko emzimbeni wakho na.
- Qala ngokubhala:
- Wandule ubhale zonke izinto ozityileyo.
- Wakugqiba uye kwiphiramidi yakho uze ukorekishe kangangenani lezinto ozityileyo ezilelo didi lokutya.
- Umzekelo: Ukuba utye amaqanda, intlanzi, ubisi nenyama yenkomo kwiproteyini uya kuba nemikorekisho emine, njalo njalo.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-2




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-10 iBanga lesi-3: **Iphiramidi yokutya;** oonotsheluza besigama: **Amandongomane, amaqanda, inkukhu, inyama, ibheyikhoni, intlanzi. Ubisi. Isonka samasi, iyogathi, iziqhamo, imifino. Irayisi, ipasta, isonka, ipapa**
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngokwenzeka kulo mfanekiso.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta nokutya abakutyileyo.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Khumbuzanani ngeendidi zokutya ezikwipowusta.

**2. Umxholo: Iphiramidi yokutya**
- Umfundi makafumane umlingane ze babaliselane ngezidlo abazityileyo.
- Mabakhangele ukuba batye kuzo zonke iindidi zokutya na okanye zikhona abaziphosileyo.
- Mabakhangele ukuba zeziphi izakhamzimba ezingekhoyo ekutyeni kwabo.
- Mabaze necebo lokuba bangenza njani ukongeza ezi zakhamzimba ekutyeni.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ka-Vula Bula yesi-7: **Isuphu yelitye;** oonotsheluza besigama: **ukwabelana, isongo, umhambi, ukuswela, ihlwempu, umphunga, ngcamla, iphunga, isondlo, chatha**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ukungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Thethani ngesifundo sayizolo.
- **Isigama:** Phengulula isigama esifundiswe kule veki.
- Yalela abafundi baze nezithetha nto-nye zesigama esifundiweyo.
- Imizekelo: umhambi – undwendwe, uswele – ulihlwempu, njalo njalo

**2. Ukufunda:**
- Yalela abafundi bafunde ibali ngembonakalo enomdla notyibiliko.

**3. Emva kokufunda**
- Ingaba lalikrelekrele icebo lale ndoda okanye yayilicebo lokuqhatha abantu?

## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-/**ndyw**/ we-Vula Bula; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: iindywala
- **Amalungiselelo:** Bhala oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ndyw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesi sivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ndyw**/ (qiniseka ukuba umfundi akabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo,
- esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/ndyw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**ndyw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ndyw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ndyw**/.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**d**/+/y/+/w/ (ukwahlula) baze babadibanise bathi =/ndyw/ (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-/**ndyw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.


*(La magama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebenza ngexesha lokufunda ngamaqela)*



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo:** Beka umbhalo wayizolo ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba bebhala oko bakutyileyo.

**IMISEBENZI**
- Abafundi mabaxoxe ngezinto abazityileyo baze bazibhale kwisicwangciso esifana nesisetyenziwe yiklasi izolo.
- Mabaqinisekise ukuba baya kucalucalula ukutya.
- Umzekelo ukuba utye isonka makachaze ibiyintoni ebisesonkeni ze ayibeke ngokwendawo yayo. (isonka esinebhotolo, nepaloni okanye isonka samanzi, njalo njalo)




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

**Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda**
**Utitshala ancede apho kufuneka khona**

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-4





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-10, iBanga lesi-3: **Iphiramidi yokutya;** oonotsheluza besigama: **Amandongomane, amaqanda, inkukhu, inyama, ibheyikhoni, intlanzi. Ubisi. Isonka samasi, iyogathi, iziqhamo, imifino. Irayisi, ipasta, isonka, ipapa**
- **Amalungiselelo:** Izangqa ezintathu
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta nokutya abakutyileyo.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Khumbuzanani ngeendidi zokutya ezikwipowusta.

**2. Umxholo: Iphiramidi yokutya**
- Beka izangqa ezisikiweyo ezintathu ebhodini.
- Isangqa sokuqala sisidlo sakusasa, esesibini sisidlo sasemini esesithathu sisidlo sasebusuku.
- Niza kukhetha kwiindidi zokutya ukutya okulungele isidlo sakusasa nokunika umzimba izakhamzimba ezaneleyo.
- Nenze njalo kuzo zonke izangqa.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: isandi u-/**ndyw/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ndyw**/ ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u-/**ndyw**/ ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.

Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zomsebenzi zabafundi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Awekho
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba bebhala oko bakutyileyo.

**IMISEBENZI**
- Bakugqiba umsebenzi wayizolo mabaye kwiphiramidi ukuze bakorekishe kangangenani lezinto abazityileyo ezilelo didi lokutya.
- Umzekelo: Ukuba utye amaqanda, intlanzi, ubisi nenyama yenkomo kwiproteyini uya kuba nemikorekisho emine, njalo njalo.
- Mabajonge kokuphi ukutya abangakutyanga, okanye abakutye kancinci kwelosuku.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-4




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda

### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini.

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Ilzixhobo:** Ipowusta yesi-10, iBanga lesi-3: **Iphiramidi yokutya;** oonotsheluza bamagama: **Amandongomane, amaqanda, inkukhu, inyama, ibheyikhoni, intlanzi. Ubisi. Isonka samasi, iyogathi, iziqhamo, imifino. Irayisi, ipasta, isonka, ipapa**
- **Amalungiselelo:** Izangqa ezintathu
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta nokutya abakutyileyo.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**

- Khumbuzanani ngeendidi zokutya ezikwipowusta.

**2. Umxholo: Iphiramidi yokutya**

- Nika isibini izangqa ezisikiweyo ezintathu ebhodini.
- Isangqa sokuqala sisidlo sakusasa, esesibini sisidlo sasemini esesithathu sisidlo sasebusuku.
- Baza kukhetha kwiindidi zokutya ukutya okulungele isidlo sakusasa nokunika umzimba izakhamzimba ezaneleyo.
- Benze njalo kuzo zonke izangqa de babe nezidlo ezintathu.





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala.
- **Amalungiselelo:** Lungisa amagama aza kufakelwa kwizikhewu. Lungisa izivakalisi oza kuzibizela abafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokubhala izandi u-/**dy/** u-/**ndy/** no-/ndyw/. Ukusebenzisa ulwazi lwabo lwezandi ukubhala amagama angaqhelekanga.

**IMISEBENZI**

- Fakela oonobumba kwizikhewu:
- U...akalashe (dy, ndy, ndyw)
- Iya…o…a (dy, ndy, ndyw)
- i….ala (dy, ndy, ndyw)
- i…ebo (dy, ndy, ndyw)
- iza…o…o (dy, ndy, ndyw)
- i..asi (dy, ndy, ndyw)

# Iveki ye-10: Usuku lwesi-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5 |

### Umfundi ngamye ufumana amathuba okufunda
### Utitshala ancede apho kufuneka khona

- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo / ingqiqo
- **Qinisekis**a ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.
- **Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa.




**Isigama seveki**

Amandongomane,
amaqanda,
inkukhu,
inyama,
ibheyikhoni,
intlanzi.
Ubisi.
Isonka samasi,
iyogathi,
iziqhamo,
imifino.
Irayisi,
ipasta,
isonka,
ipapa,
ukwabelana,
isongo,
umhambi,
ukuswela,
ihlwempu,
umphunga,
ngcamla,
iphunga,
isondlo,
chatha

